# *Kwaye Imbewu Yakho Iyakulithimba Isango Lotshaba Lwayo*

Mna, njengesiqhelo, iyure okanye ezimbini emva kwexesha. Waphakama umalusi, wathi, “Ngoku, ndifuna ukwazisa kuni nonke osemvakwexesha uMnu. Branham.” Ke, ndinezinto ezininzi emandizenze ke ndi—ndimane nje ndifika emva kwexesha. Kodwa ngeli xesha andibanganako ukuzinceda. Bekungenxa yemozulu eyenze oko ngeli xesha. Ndingayibeka kwimozulu ndize ndisinde. Kuye kwafuneka ukuba ndiyibekele elinye ixesha, Mzalwana uRose, kancinane nje. Molo kusasa nje, Dade Rose. Kwaye ndiyavuya apha ngaletsasa ukuba, noMzalwana uRose noDade uRose, noMzalwana uSharrit, nabazalwana abaninzi, nina bantu balungileyo phandle baphaya.

2 Ndiyakuva oko, umntu othile undixelela, “Xana kunetha ePhoenix, wonke umntu uhlala ebhedini,” utshintsho olunjalo, uyazi. Ngenye yezi ntsuku ndiza kufumana isidlo sasimahla. Bandixelela ukuba ungafumana isidlo sasimahla yonke imihla ilanga lingakhanyi. Ndiza kuyibukela namhlanje, ndibenze bahlawule ngako oko.

3 Bendithetha kubusuku bayizolo, phandle kwicawa ethile. Eneneni andilikhumbuli igama layo. Kwaye ngoko sibe nexesha elimangalisayo, kubusuku bayizolo, ngaphandle enkonzweni. Kwaye ukuya kuMzalwana u-Outlaw, ukuya eTempe, kwaye sibe nexesha elimnandi kobu budlelwana. Kwaye ndilindele ukuhlangana nabo bonke aba bazalwana babalungiseleli engqungqutheleni, ke siyakuba nexesha nje lokungqengqa, Mzalwana uRose, kwaye sithethe omnye komnye. Kwaye nantso into endiyizelayo, kukuba nobudlelwane. Kwaye thina besi . . . sijonge kucwangciso-nkqubo yethu kwaye sifumanisa iindawo ezininzi. Kodwa ndinyendacinga ukuba eli lelona thuba likhulu, ngoba ndimelwe—kukuhlangana nabahlukeneyo, ukufumana ukubabona kwaye badlule.

4 Ngamanye amaxesha ekushumayeleni, wonke umlungiseleli akaye aqondwe, ngenye indlela okanye enye. Kumaxesha amaninzi, abantu bathabatha into oyithethayo kwaye nje uhlobo olu . . . Ingqiyame kancinci kubo, ke bayakuyithetha ngalo ndlela. Kwaye ke olandelayo uyayifumana, ingqiyama kancinci ngokuthe chatha. Into yokuqala uyazi, iphumile emxholweni.

5 Ke—ke thina, ngamaxesha amaninzi, ekushumayeleni, ndikhe ndizixakekise ngamahlelo nemibutho nezinto ezinjalo. Ngelinye ixesha, abantu baye bathi ngoko, "uMzalwana uBranham uchasene nombutho." Akulunganga oko. Andichasene nambutho. Kodwa kumaxesha amaninzi bathi abantu baxhomekeke nje kulo mbutho, uyabona, kwaye babeke amathemba abo phezu koko endaweni yokubeka phezu koKristu.

6 Bafuna ukubona ukuba mangaphi amalungu abanokuwafumana kulo mbutho. Ngoku, oko kuhle kakhulu. Ndi—ndi. . .Kulungile konke oko. Ndicinga ukuba wonke umbutho kumelwe ufumane lonke ilungu onokuthi ulifumane. Kulungile kakhulu oko. Kodwa xana uzaku thabatha okungaguqukanga kwaye ubeka okuninzi phezu koko kunokuba usenza phezu kokugxininisa kuka Moya oyiNgcwele, nje ngokuba uMzalwana uRose ebethetha apha kwithuba elidlulileyo, kunye nezinto, ngoko ubenza—ubenza abantu bacinge, "Thina singaba k*oku*, kwaye singaba ko*kuya*." Ngapha koko, sonke singabaka Thixo. Yabona?

7 Ngoku, ukuba ndibone indoda isihla ngomlambo ikwiphenyane. . .Kwaye ndihlala ngasemlanjeni e-Indiana, kuMlambo i-Ohio, kwaye ndikufuphi neengxangxasi. Yindawo engendawo kakhulu, ezongxangxasi, kuba liyakukuntlithela phezulu kwa ngoku. Ukuba wakhe wakhwela ngaphaya kwezo ngxangxasi, akukho phenyane linokukhwela kuzo, ngokuba ingako, malunga namashumi amane-okanye-amashumi amahlanu eenyawo ngokuthe ngqo ukuhla, kwaye ngoko kunyuka ingxokozelo enkulu emazantsi, eyakuthi ibethe kanye elwaleni, ulwala olwendlalekileyo apho. Kwaye ndiyaqikelela a—a—amagwebu, amagwebu amhlophe, aphuma phantsi kweengxangxasi ezimashumi mane-eenyawo ukuphakama, yabona, apho abetha khona phantsi, abhabhela phezulu kwakhona. Kwaye ngoko ahambe nje esiwa ngolo hlobo, kwaye ehle aye kugqatso olukhulu olumalunga namashumi amathandathu okanye amashumi asixhenxe eenyawo ubunzulu. Kwaye phakathi apho kukho amanzi abizelayo ukujikeleza *ngale* ndlela, aze akhuphele ngaphandle aze ehle ngomjelo. Akukho ndlela nje yokuba usinde, uyabona.

8 Indoda yahamba apha kwixesha eladlulayo inxibe ibhatyi yobomi. Bayibona kuphela lonto xana wayiwisayo, *ngolo* hlobo. [UMzalwana uBranham uqhwakrazisa umnwe wakhe—Mhl.] Kwankqu laa bhatyi yobomi, laa msinga woyikekayo wamthabatha nje wamfaka ngaphantsi. Kwaye akuzange afunyanwe. Akuzange kwaziwe kwenzeka ntoni kuye. Wajinga phezulu ematyeni okanye ekucuphekeni emazantsi apho, mhlawumbi imayile okanye ezimbini ukujikela, ngolo hlobo, kwaye kungekho ndlela yakusinda.

9 Kwaye ukuba ndibone umntu othile esihla ngomlambo

ngephenyane elidala elincinci, ehleli phaya efunda, eqhubeke, kwaye ndiya kumkhwaza, "Phuma kwelophenyane. Elo phenyane aliyi kukwazi ukudubula ezozadunge." Ngoku, asikokuthi ndinento endinayo ngokuchasene nalaa ndoda, nkqu nokuba ndimelwe kukuba ndiyingxolise ndithethe kalukhuni nyani kuye. Ayikokuthi ndinayo nantoni na ngokuchasene nendoda. Ndiyayithanda indoda, kodwa ndiyazi ukuba iza kuntlitheka. Naso isizathu sokuba ndimkhwaze. Ngenxa yokuba akayo. . . Kungexa yokuba ndiyamthanda, si—sisizathu sokuba ndikhwaze. Ukuba bendingakhathali, bendinokuthi, "Ke, kulungile," qhubeka, yabona, ukuba bendinga mkhathalelanga.

10 Kodwa isizathu sokuba ndithethe ezo zinto kungokuba ndinenzondelelo ngeBandla. Ndi—ndinekhwele ngeBandla likaThixo. Kwaye ndi—ndiyakuthiya nje ukulibona lisiba nengqondo-yombutho. Kwaye ndiyakwazi la mrhiba, leyo yindlela elathi lonke ibandla laya ngayo ematyeni, kanye ngolo hlobo, ukuhla kanye ngaloo ndlela yombutho.

11 Cinga nje ngemvuselelo ngexesha lamaLutere, khangela apho yaya khona. Kwaye nje kwakamsinya ukuba yakhe yabetha oko, ayizange ibuye ivuke kwakhona. AmaLutere akazange abuye. Khangela kumaMethodisti kaWesley, akazange abuye. Khangela kwiPilgrim Holiness, amaNazarenes, bonke ngabanye, amaBhaptizi, amaRhabe. Babene mvuselelo, kwaye ngoko indoda ethile ivuke namandla kaThixo phezu kuyo, iqalise intshukumo kuMoya. Ngoko kwakamsinya yakuba imkile laa ndoda, emva koko bafaka umbutho ukusuka koko.

12 Nje ngeZiko leBhayibhile likaMoody, indawo entle, kodwa ayisayi kuba nayo njengokuba uMoody wayenayo. Yabona? Kwaye izinto uMoody wayemele zona, zikumgama ozizigidi zeemayile ukusuka kuyo, nantso ke. Kwaye ngoku yonke yingqondi, apho uMoody wayenayo kuMoya, uyabona. Kwaye ke u—ufumanisa ukuba, kwezo zinto.

13 Ngoku, xana ndaqalisayo, kwaye ndeza apha ePhoenix, kwiminyaka eyadlulayo, kwintshukumo yobuPentekoste, ndafumana ithuba lokuziqalela umbutho ngokwam. Abazalwana beMvula-yaKamva beza kum, bathi, "Kuko oku. Masiqalise. Kutheni, siya kuba—kuba bakhulu kunabo bonke abanye."

14 Ndathi, "Inceba! Akuyiyo lo nto. Akuyiyo—oko akuyonto, bazalwana. Nikwi—nikwisigidi seemayile kude—ngaphandle kwendlela. UThixo akasayi kuyisikelela." Fundani imbali yenu. Fundani iBhayibhile. Akusayi kuze kubekho omnye umbutho ophuma kuyo, ophuma ukusuka koku. Kunjalo oko. Oku kuya kuba ngumbutho kwaye kuye kwi. . . Ikwimeko yaseLawodike ngoku. Kodwa ndiyakuxelela, mzalwana, akusekho mibutho isikelelwe-nguThixo ukuba ivuke. Akusayi kubakho nto yoku. SiseKuzeni kweNkosi. Yabona? Kwaye

uThixo uyakuthabatha amasalela ukusuka kule ntshukumo inkulu yenkonzo zehlabathi, eqhubekayo ngoku, ukwenzela uMtshakazi, kodwa akusayi kubakho nto ingumbutho, ngokwasemoyeni, kwakhona. Yabona? Iphelile.

15 Xana ndibona abazalwana bam, abazalwana abaxabisekileyo, bengqiyame ngalo ndlela, ngoko nje ndiye ndivele ndiyigalele ngako konke endinako. Kwaye ngamanye amaxesha abazalwana bathi, "Ke, uMzalwana uBranham uchasene nathi. Thina . . . " Akulunganga oko. Bethu! Oko—oko yeyona nto ikude ukusuka engqondweni yam, kukuchasa nabani na. Ndi—ndingowenu. Ndingumzalwana wenu, yabona, kwaye ndizama konke endinako. Kwaye naso isizathu sokuba ndingazange ndizimanye nawuphi na umbutho othile, ngoko ukuze ndikwazi ukuma phakathi kwaye ndithi, "Mzalwana, musa. Leyo asiyondlela."

16 Bathi, "Singamalungu e-Assemblies." Kuyamangalisa. I-Assemblies of God ibe yintsikelelo eyoyikekayo kum. "Singama Foursquare." Ke, khangela ukuba babeyintsikelelo kangakanani na kum. "SiliGama likaYesu." Khangela babeyintsikelelo engakanani kum. "Singa*banye,* na*banye.*" Nokuba yintoni na, bonke ziintsikelelo. Banga—bangabantu bakaThixo. Yabona? Kwaye abantu bakaThixo bakuzo zonke.

17 Kwaye xana sifika ekuzihlanganiseni, sithi, "Singcono nje kancinane apha kuneBandla likaThixo," uyabona, okanye, "Singcono kancincine kuneFoursquare okanye iGama likaYesu," okanye into enjalo. Xana sinje i . . . Singohluka kancinci ngeembono. Sonke siye sayokutya isidlo sasemini namhlanje, sonke siyakuthabatha iipayi ezahlukeneyo, kodwa sitya ipayi nje ngokufanayo, uyabona. Leyo yimbono. Ke imbono yayo, kuku, ukuba—ukuba nje singabona ubudlelane bethu. Ngoko musa ukuya kweyama ngokubhekise kumbutho. Ngqiyabela eKalvari. Ubangofileyo kwezi ezinye izinto. Yabona? Kwaye ndiyakholwa . . .

18 Makhe ndithethe oku ngalomzuzu kusese ngqondweni yam. Ndiyakholwa ukuba umbutho udlale indima entle. Kuba, kukho amaxesha amaninzi, bazalwana, amabi kangangoba siyakuthiya ukuwacinga, kuye kwababakho izinto ezithe zakhula phakathi kwethu, kunye nezinto ezinjalo, ezibe yimfundiso yolahlekiso. Kwaye abantu baya kuthabatha nje ezo mfundiso zolahlekiso kwaye babachithachithe abantu nakanjani na. Kwaye iqela labazalwana liyahlangana eli . . . mna endi . . . Lonto ndiyithethayo iyaphuma njengoko babesenza ngeemihla yakuqala kunye nazo zonke iintlobo zezinto. Kwaye—kwaye sinayo yonke namhlanje, yabona, isahamba nje. Kwaye abantu abanokuzihlanganisa . . .

19 Umfanekiso wenene wePentekoste, ngoko lwam uluvo, xana isiza kumbutho, Ingaba i—ibandla, Mzalwana uPethrus, ibandla

laseFiladelfia eSweden. Ngoku, abakhathali nokuba luhlobo luni na lwemfundiso onalo, okoko nje ingokwe Sibhalo. Ukuba ufuna ukuyibona *ngale* ndlela, *ngala* ndlela, okanye nantoni na, okoko nje unobudlelane kwaye uphila ubomi obunyulu ngenene. Natso ke. Kulungile oko. Kwaye ukuba ufuna ukuthi uYesu uza phezu kwehashe elimhlophe, kwaye omnye uthi Uza ngelifu elimhlophe, mkhangele ngolo hlobo. Qhubela phambili nje, okoko nje uphila ubomi obucocekileyo kwaye unobudlelwane. Nantso indlela. Yiyo.

20 Oko, ke, ngoku, sesinye isizathu, zihlobo, sokuba ndibe kunye neli qela laMadoda angooSomashishini. Ngokuba, ndiyazi ukuba zininzi izinto apho ekumele zilulekwe. Kodwa ye—yeyona nto ingcono esinayo. Ehe. Injalo. Ehe. Kunezinto ezininzi ekumelwe ndizithethe. Kwaye—kwaye nina, bazalwana balapha baya kunixelela, andizange ndibambe nazinye izithonga kubo. Ndilapha njengesicaka sikaThixo, ukuthetha iNyaniso. Kwaye kumele ndiphendule ngayo. Kulungile. UMzalwana uRose uthi, “Yiyo loo nto sikuthanda.” Ke, ukuba—ukuba, ke, asikwazi . . . Si—simelwe kukuhlala neli Lizwi. Yabona?

21 Ngexesha nje elidlulileyo, ndicinga, wawungaphakathi . . . ndandiphesheya kwezilwandle, okanye phaya esiqithini kulo nyaka uphelileyo, kwaye babenomhlangano, kwaye abanye babazalwana babeqhayisa ngalo mhlangano mkhulu apho babe noosomashishini, kwilizwe jikelele. Kwaye babethetha malunga, “Bendinendawo encincinane ezantsi ekoneni. Ishishini lam belingekho lihle. Kwaye bendi nexesha elibi. Kwaye into yokuqala uyazi, ndi—ndingene ukuza kwamkela uKristu, kwaye—kwaye, owu, ndinento yonke ngoku.” Ngoku, oko kulungile. Siyakuxabisa oko. Kulungile oko, kodwa impumelelo ayisoloko ithetha uKristu. Oko, yabona, kwaye kufuneka sikukhangele oko. Ngoku, oko kulungile. Yabona? Ndi . . . Akukho nto ichasene noko.

22 Kodwa ndaba bubalandela abazalwana ngoba busuku. Sehla saya ehotele apho i—iqela lethu lalihlala khona, kunye noMzalwana uShakarian kwaye nathi sonke. Kwaye ndathi, “Ke,” ndathi, “bazalwana, ndiza kunixelela.” Ndathi, “ndi—ndicinga ukuba nina bazalwana nilelona qela libalaseleyo lamadoda ndakha ndahlangana nalo, ebomini bam. Kodwa,” ndathi, “eyona nto yile,” ndathi . . .

23 Andingowawo nawuphi na umbutho, kodwa ndingowobudlelwana nako oko. Ndiphatha ikhadi lobudlelane nabo, ekuphela kwekhadi endiliphetheyo, ngokuba limele yonke imibutho, uyabona. Kwaye yile nto ndiyithandayo. Yilo nto ndiyizamelayo.

24 “Kodwa,” ndathi, “into endikhathazayo, kukuba ninabazalwana phambi kwaloo madoda ezantsi phaya, abanempumelelo ngokuphindwe kaliwaka ngaphezu kwenu,

kwaye ngoko nizama uwaxelela ukuba uKristu uyimpumelelo. Ningaze nizame ukubathengisela oko." Yabona?

25 Ungakhe uzame ukuthelekisa nehlabathi. Vumela ihlabathi lize ngapha kwimihlaba yethu. Musa ukuya kumhlaba wabo. Yabona? Yabona? Uhamba uphume ecaleni uye kumhlaba wabo, asisayi kukhazimla kunye nabo. Ngapha koko, iVangeli ayikhazimli; iyabengezela. IHollywood iyakhazimla. IVangeli iyabengezela. Kukho umahluko omkhulu phakathi kokukhazimla nokubengezela.

26 Kwaye ke, ngoku, kwaye ndathi, "Abazalwana bakuqala bamaPentekoste ababenento ethile, babezama ukuyisusa, kwaye besondla amahlwempu, nokunjalo okufana noko, kwaye bephuma ngaphandle bengenanto, yabona, ukuya kushumayela iVangeli, ukunxulumana." Ndathi, "Ngoku sizama ukuqhayisa ngokuba sifumene kangakanani." Ndathi, "Onjani wona umahluko!"

27 Kwaye omnye umzalwana omncinane othandekayo, emva kwemizuzwana embalwa waphakama, wathi kum, wathi, "Mzalwana uBranham, oko kwakuyenye yeempazamo ezinkulu abantu bakhe bayenza."

28 Kwaye ndathi, "Ngoku, khangela, mzalwana, bendingazami ukucebisa abantu ukuba bathengise lonto banayo. Kodwa ndizama nje ukwenza inqaku kula madoda angosomashishini."

Wathi, "Kwakuyeyona mpazamo inkulu leyo, abantu."

29 Ndathi, "Bakwenza oko ngoMoya oyiNgcwele. UMoya oyiNgcwele wabaxelela ukuba benze oko." UMoya oyiNgcwele uxelela nabani na ukuba enze nantoni na, yenza lonto Akuxelela ukuba uyenze.

30 Kwaye wathi, "Ke, kwaba yeyona mpazamo imbi kakhulu elakha layenza ibandla."

31 Ndathi, "Kutheni, mzalwana?" Kwaye kanye phambi kwale ndoda bendithetha kuyo.

32 Wathi, "Ngokuba, kwathi nje ukuba kubekho impikiswano encinane ebandleni phaya, kwakukho ukwahluka phakathi kwama Grike kunye nama—nama Hebhere, nanjalo njalo," wathi, "abo bantu babengena ndawo yokuya. Babengenalo nelinye ikhaya ababenokubuyela kulo."

Ndathi, "Kanye ngokuchanekileyo intando kaThixo."

Wathi, "Kungathini ukuba oko kube yitando kaThixo?"

33 Ndathi, "Baya kuyo yonke indawo, besasaza iVangeli, ngoba babengenandawo yokuya."

34 UMoya oyiNgcwele akenzi naziphi na iimpazamo. Akazenzi nje. Kuphelele apho. Kwaye njengokuba ndandithetha kubusuku bayizolo, kumele nje ubambe uThixo, kwaye ubambe iLizwi Lakhe, kwaye ubambelele kanye kuLo. Akukhathaliseki

nokuba Likukhokelela phi na, qhubeka nje uLilandela. Ligcine uqhubeka ngolo hlobo.

35 Kodwa ngokuqinisekileyo mna ndi—ndingumxhasi wobu budlelwane baMadoda angoSomashishini. Kwaye yonke ingqungquthela endimenyelwa kuyo, ndihlala ndisiya kwaye ndithethe, nditsho yonke into endinako. Hayi nje ukuzama ukwenza into ongayithetha, enokonelisa umntu othile, *Nje-na-nje*. Kodwa ngalo lonke ixesha xana ndisiya kwimihlangano yam, ndizama ukufunda nokuthandaza nokuzila ukutya, kwaye ndithi, "Nkosi Yesu, yintoni—yintoni endingayitsho ezakunceda ababantu."

36 Wonke umntu uyazi ukuba andingo mshumayeli. Andisosithethi. Ndi—ndi . . . Nabani na uyakwazi oko. Andingo mshumayeli. Wam—umyalezo wam kukuthandazela abagulayo, nokujalo ngolo hlobo. Kodwa, andingo mshumayeli. Nabani na angakwazi oko, ndive ndishumayela. Kodwa into endiyithethayo, ndifuna ukubeka isithonga esiya kwenza into ethile.

37 Hayi ukuthi, "Ingaba yena a—akasosithethi esigadlelayo? Akayisebenzisi kakuhle igrama yakhe na? Akamangalisi na epulpitini?" Andikufuni oko. A—andikwazanga kuyenza. UThixo akazange andibizele oko.

38 Kodwa ndizama ukufumana into eyakunceda laa mntu, nela bandla libe libandla elingcono, ukulinceda kube ngabantu abangcono, ukulithandazela.

39 Ngoku, bendithetha ngolu hlobo ngoba ndibone abantu abambalwa besahlanganisana, kwaye kuyanetha. Kungesosizathu bendithetha ezi zinto. Ngoku, emva komkhono.

40 Kwaye ngoku ndifuna ukubulela umzalwana. Ndimaze uMzalwana uFuller ixesha elide, ndahlala ndimthanda, emazantsi entliziyo yam. Kwaye sinezinto ezininzi ngokufanayo, uMzalwana uFuller. Kwaye ngoko thina . . . Ndibone uMzalwana uFuller ngoku iminyaka emininzi, kwaye ndimaze eyindoda yokwenene yakwaThixo, kwaye ndiyamthanda. Kwaye ndilapha kusasanje kubudlelane. Uxolo kakhulu ukuba ndiphoswe bubusuku bakhe ukuba xana kwakubhengeziwe kwindawo apha, kodwa bekuyinto ebendingenakuyinceda. Kwaye ndiyavuya ukuba lapha ngale ntsasa, ndibone ibandla lakhe, lilihle, indlela athe uThixo wabaphumelelisa ngayo kwaye wabasikelela. Kwaye—kwaye yonke into Amenzele yona, ngokuqinisekileyo ndiyakuxabisa oko. Wanga uThixo angaqhubeka ukumsikelela, kwaye awusikelele lo mnquba, kwaye—kwaye ne—nebhodi yamathenjwa, amadikoni, nawo onke amalungu ebandla. Kwaye kwanga ungakhula kwaye uphumelele elubabalweni lweNkosi, ngumthandazo wam othobekileyo.

41 Ngoku, phambi kokuba sisondele eLizwini, masisondele kumBhali, kuqala. Masithobiseni iintloko zethu okomzuzwana nje sithandaze.

42 Ngeli thuba sihleli ngokuzolileyo eBukhoneni bukaThixo, ngeentloko zethu neentliziyo zethu zithotyiwe, ingaba sikhona na isicelo entliziyweni yakho, okokuba kukho into oyisweleyo, ongathanda ukuba iNkosi ikunike, ukuze ndikukhumbule emthandazweni wam ngale ntsasa apha ebandleni? Ungayenza yaziwe ngokuphakamisa isandla sakho? Yigcine nje engqondweni yakho, into eyiyo. INkosi mayiniphe elowo ngokwesicelo sakhe.

43 Thixo Bawo onenceba noyiNgcwele, owadala zonke izinto ngoKristu Yesu, ukwenzela uzuko Lwakhe, siza kuBukho Bakho ngale ntsasa sinombulelo entliziyweni yethu. Kwaye njengoko siyesaqhuba emvuleni, kwaye umoya uvuthuza, imvula inetha, siyathandaza, Bawo oseZulwini, ukuba Uyakugalela phezu kwethu imvula yeZulu, imvula yokomoya, imvula yamva nemvula yokuqala, ngokudibeneyo, ezintliziyweni zethu namhlanje.

44 Siyathandaza, Bawo, ukuba Uyakusikelela eli bandla. Sinombulelo kakhulu ngalo, ngomalusi walo, ngerhamente yalo, ukwenzela i...indawo apho abantu banokuhlangana benophahla phezu kwentloko yabo kunye nesihlalo esihle esitofotofo sokuhlala.

45 Sibuyela emva ezingqondweni zethu kwimbali yeBandla lakuqala, eli lokuqala, lobupostile, iBandla lobukatolika, kwaye ukubona indlela ababehlala ngayo kumacwecwe amatye okanye nantoni na ababenayo, ukuze beve iLizwi likaThixo, kwaye ngoko beguqa emgangathweni, kwaye kubanda kunye nelitye nokungcola, kwaye apho babambe izandla zabo bejongise eZulwini kwaye bonwabele uBukho boMoya oyiNgcwele. Banikwe okunjalo ukuzimisela ebomini babo, bade bangene emhadini weengonyama, azange banyakame nokunyakama, kodwa uncumo ebusweni babo, bekhangele eZulwini, besazi, kwimizuzu embalwa, bayakuba kuBukho baLowo babemthanda.

46 Owu, ukholo loobawo bethu, lusaphila, nakubeni kusemhadini, idangatye nekrele. Hlaziya kuthi, Owu Nkosi, ukholo olunjalo. Sinike intsikelelo enkulu yobupostile yoMoya oyiNgcwele.

47 Ngamnye namhlanje ophakamise izandla zakhe, Uyayazi into abayisweleyo, Nkosi. Uyazi ukuba yintoni eyayisemva kweso sandla, yintoni injongo kunye nokuzimisela kulo ntliziyo. Nguwe wedwa onokubonelela ngayo yonke intswelo, Nkosi. Kwaye ndiyabathandazela, ndingayazi intswelo yabo, kodwa ndinikela umthandazo wam nje ngesicelo ngenxa yabo. Nje ngesicaka Sakho, ndiyathandaza ngoku ngokunyanisekileyo

ngenxa ngamnye, ukuze, nantoni na abayicelileyo, banga bangayamkela. Basikelele, Bawo.

48 Kwaye ngoku njengokuba sifunda ngeLizwi Lakho, kwaye sifundisa le elibanga lesikolo seCawe, njengokuba bekunjalo, ngale ntsasa, Ndiyathandaza ukuba Uthabathe la Mazwi kwaye ukhuphe konke ukungakholwa kusuke kubo, Nkosi; ukuze, nawaphina amandla kaSathana azama ukulihlutha, ukuze aligcine Lingakhuli, yanga Lingangena kuyo yonke intliziyo, kwaye kubekho imithi yeziqhamo zobulungisa, Nkosi. UKholo, luzisa oko Ukumiseleyo ukuba iLizwi Lakho likwenze, usithi, “Aliyi kubuyela kuM lilambatha, kodwa Liya kukufeza oko beLikucetyelwe.”

49 Ngoku, Nkosi, ngcwalisa umkhonzi Wakho. ILizwi Lakho sele lingcwalisiwe. Kwaye, kunye, sanga singakwazi ukondla umhlambi lowo uMoya oyiNgcwele asinike wona uku—ukuwufundisa. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

50 Ngoku, kuni bathandayo ukufunda ngamanye amaxesha, kunye nawo u—uMyalezo, ndiya . . . Ndinicela, ukuba nigatyhila eNcwadini. Kwaye ndinoMyalezo nje wesikolo seCawe omncinane, nje, ebantwini ngale ntsasa.

51 Niyandiva kakuhle, nxazonke, kuyo yonke indawo? Ndinyusele lomboko phezulu. Ndisisitshotho nje kancinane. Mna, kwamsinya ndakuba ndehlile nje, ndaba nomkhuhlane. Umtyholi wazama ngandlela zonke ukuba andisuse ndingabikho apha. Andazi. Ndiyakholwa ukuba uThixo ngokuqinisekileyo uyakugalela okukhulu phezu kwale ngqungquthela ngeli xesha, ngokuba uSathana wenze konke anako ukundikhwebula kuyo.

52 Kodwa ngoku sizakufunda ukuphuma kwiGenesisi, isahluko sama-22. Kwaye nina niyakutyhila eBhayibhileni yenu, masifunde inxalenye yaYo, kunye. IGenesis 22, masiqale kumqolo we-9.

> *Bafika endaweni abemxelele yona uThixo; waza u-Abraham wakha isibingelelo khona, wazicwangcisa iinkuni, wambopha u-Isake unyana wakhe, wambeka esibingelelweni phezu kweenkuni.*
>
> *Wasolula u-Abraham isandla sakhe, wathabatha isitshetshe ukuba amxhele unyana wakhe.*
>
> *Samemeza kuye isithunywa sikaYehova sisemazulwini,* sathi, *Abraham, Abraham, wathi yena, Ndilapha.*
>
> *Sathi, Musa ukusisa isandla sakho kumfana, musa ukumenza nto: kuba ngoku ndiyazi ukuba uyamoyika uThixo, unganqabanga nonyana* wakho *kum, unyana wakho emnye kuwe.*
>
> *U-Abraham wawaphakamisa amehlo akhe, wakhangela, nantso inkunzi yegusha ngasemva*

*kwakhe ibambeke ngeempondo* zayo e*tyholweni,* okanye *ngeempondo zayo,* gxebe: *waya u-Abraham wayithabatha inkunzi yegusha, wayinikela* phezu. . . *phezu kwedini elinyukayo* esikhundleni *sonyana wakhe.*

*U-Abraham wabiza igama lalo ndawo Jehova-jireh: njengoko kusithiwa unanamhla, Entabeni kaYehova iya kubonakala.*

*Samemeza isithunywa sikaYEHOVA ku-Abraham okwesibini sisemazulwini,*

*Wathi, Ndizifungile mna, utsho uYEHOVA,. . . ngenxa enokuba uyenzile le nto,* a*kwanqaba nonyana wakho, emnye kuwe:*

*Ukuba ekusikeleleni ndiya kukusikelela,* kwaye *ekukwandiseni ndiya kuzandisa* iimbewu *zakho njengeenkwenkwezi ze. . .zulu, nanjengen*tlabathi. . . *eselunxwemeni lolwandle; imbewu yakho iyakulidla ilifa isango* lotshaba *lwayo;*

53 Ndifuna ukuthabatha indawana yokugqibela apho ukwenzela umxholo: *Kwaye Imbewu Yakho Iyakulithimba ISango Lotshaba Lwayo.* Oko si—sithembiso esimangalisayo.

54 Ngoku, sonke siqhelene neli bali, mhlawumbi silifunde ngokuphindaphindiweyo, ixesha emva kwexesha, lika-Abraham, nendlela uThixo awambiza ngayo ukuba aphume kwilizwe lakhe, nendlela awayeyindoda nje eqhelekileyo, kungekho nto ikhethekileyo. Kodwa uThixo wambiza kwaye wamenzela idinga.

55 Ngoku, ndifuna uqaphele ukuba esi sithembiso uThixo wasenzayo ku-Abraham sasingekuphela nje ku-Abraham, kodwa kwaku kwimbewu yakhe emva kwakhe. Ngoku, abantu abaninzi bathi, "Owu, ukuba bendifana no-Abraham, ukuba ndandinokuba lapho uThixo wayethethe kum kwaye—kwaye andinike ingqiniseko njengoko Wenzayo ku-Abraham, ngoko bendiya kuba nako, Nda—ndandiya kuba nokholo ngenene, Mzalwana uBranham, ukuba bendinako, ukuba uThixo ebethethe nam njengoko Wenzayo ku-Abraham." Kodwa unedinga elifanayo nelo u-Abraham wayenalo, oko kukuthi, ukuba uyiMbewu ka-Abraham.

56 Ngoko uthi, "Kodwa, Mzalwana uBranham, ndingoweNtlanga. Bendingenako ukuba nayo imbewu ka-Abraham."

57 IMbewu ka-Abraham kwakungeyiyo imbewu yemvelo. KwakuyiMbewu yokomoya, ngokuba ulwaluko lwako oko kwakungeyonto. Idinga, Wamnika nkqu nangaphambi kolwaluko. Kodwa lalinikwe kuye ngaphambi kolwaluko, kwaye kwakungekho ngenxa yokuba walukile kwaye

wayesemnqophisweni noThixo ngalo ndlela. Kungokuba u-Abraham wakholwa kuThixo.

58 Kwaye iSibhalo satsho, ukuba, "Xana sifile kuKristu, siba yiMbewu ka-Abraham." UPawulos uthetha ngayo, "UmYuda akanguye umYuda ngokwangaphandle, kodwa ungumYuda ngokwangaphakathi." Ngako oko, ukuba uzelwe ngoMoya kaThixo, "niyiMbewu ka-Abraham, kwaye nizindlalifa kunye no-Abraham ngokwedinga." Yabona? Ngako lonke idinga uThixo walinika u-Abraham lelakho, kuba ngokomoya uyiMbewu ka-Abraham.

59 Kwaye ungaphezulu kunokuba enjalo umYuda kunokuba wawuzalelwe egazini lobuYuda, kwaye ngoko—kwaye ngoko ube ngumYuda woqobo kwelo bandla, nomkhanyeli walo Moya oyiNgcwele othandekayo neNkosi uYesu Kristu. Yabona? Wena ungaphezu komYuda, ngokuba ungumYuda ozelwe ngedinga eliphuma ezulwini, awathi uThixo walinika u-Abraham, waza u-Abraham walamkela ngokholo, kwaye koko kwamenza ukuba abe yilonto wayeyiyo. Ngapha koko, umYuda kukwahlulwa nje, nokuwela, umHebhere, nokujalo ngolo hlobo.

60 Ngoku, kodwa xana uthe wazahlula kwizinto zehlabathi, wawuwela umgca wokwahlula, kwaye ungumphambukeli ezweni lasemzini, ilizwe elingathi ubungekho kulo ekuqalekeni, nabantu ongazange uzibandakanye nabo ekuqalekeni, ngoko uba ngumYuda wokomoya. Ngokuba, kwangolo hlobo awathi u-Abraham, ngokholo, walishiya ilizwe lakowabo, wabashiya abantu bakowabo, waya ezweni lasemzini nabantu basemzini, ubashiyile abantu bakowenu, walishiya ngasemva ilizwe, wabashiya ngasemva oogxa bakho, wawelela ngaphaya, ngeGazi likaYesu Kristu, kwaye ungabaphambukeli, ofuna iSixeko, oMakhi noMenzi waso inguThixo, njengokuba wayenjalo u-Abraham. Abahambi, kunye naYe, behlala ezintenteni, amabandla, namadlelane ebuKumkanini beZulu, iindlalifa zezinto zonke ngoYesu Kristu. Yabona? Siye sawelela ngaphesheya, sohlukana.

61 Ngoku, u-Abraham, idinga lenziwa ku-Abraham neMbewu yakhe emva kwakhe. Ngoku, uThixo wanika u-Abraham eli dinga, leMbewu yakhe, iyakuthimba isango lotshaba lwakhe emva kokuba Evavanye u-Abraham, wamvavanya u-Abraham. Ngoku, emva kovavanyo lweza, ngoko . . .

62 U-Abraham wayesele eguqukile, sinokukubiza, ukusuka kubuhedeni ukuya kuThixo. Kwaye ngoko uThixo wamnika, nje ngomqondiso woMoya oyiNgcwele, ulwaluko. Ngoko, emva kolwaluko, ngoko kuza ixesha lovavanyo.

63 Umzekelo omhle kakhulu apha weBandla, ukuba, emva kokuba sisindisiwe, ngoko sinikwa itywina ledinga lolwaluko, olungelulo olwasenyameni, kodwa olukaMoya. Kwaye uMoya oyiNgcwele lulwaluko lwethu. Yimela ebukhali kaThixo.

Yahlula kwaye inqumle intsalela yenyama, yehlabathi, ukusuka kuthi. ILizwi likaThixo, libukhali kunekrele elintlangothimbini! Ke, uyabona, buyela emva kanye kwakhona, ILizwi likaThixo liyinto uMoya oyiNgcwele ayisebenzisayo; hayi imigaqo, hayi amahlelo. Kodwa iLizwi liyilonto esahlulayo kwizinto zehlabathi. Linqumla iimbono zethu nezinto, kwaye lisinikezele kuThixo ngokupheleleyo.

64 UYesu wathi, "Ukuba nithe nahlala kuM, neLizwi laM kuni." Nantso ke. Ngoko, ayilolizwi lakho. LiLizwi Lakhe. Ngoko, uyabona, "Ukuba nithe nahlala kuM, neLizwi laM likuni, ningacela into enisukuba niyithanda." Uh-huh. Yabona? Yintoni na, awuthethi lizwi lakho. Uthetha iLizwi Lakhe.

65 Ke ngoko uMoya oyiNgcwele nguLowo ulithabathayo iLizwi likaThixo, kwaye asahlule kwezi zinto zehlabathi, yabona, ulwaluko, ukunqunyulwa. Ngoko udlula kwixesha lokuvavanywa.

66 Ngoku, u-Abraham, emva kokuba wabizwayo ukuphuma, kwilizwe lamaKaledi, isixeko sase-Ure, waba ngumhambi, umphambukeli. Kwaye ngoko uThixo wambiza, emva kokuba engqinelwe ukuba uyakuhamba athabathe uThixo eLizwini Lakhe. Ngoko, into awayenzayo uThixo ngoko, yayikukumnika umqondiso, wokuba Wayemamkele, kwaye Wamalusa. Wamalusa u-Ishmayeli nendlu yakhe yonke.

67 Kwaye ngoku uyabona, xana—xana ubiziwe, kuqala udlula kuvavanyo, ukuze ubonwe ukuba uza kuqhubeka ngokwenene na. Kuze emva koko uThixo akunika uMoya oyiNgcwele, nto leyo engumqondiso wokuba Ulwamkele ukholo lwakho olo othi unalo kuYe. Uyandilandela ngoku? Uya kulamkela.

68 Ngoku, bendithetha ku. . .Kusenokuba kukho abazalwana abaxabisekileyo bamaBhaptizi abahleli apha. Kwaye wonke umntu uyazi ukuba ndiphuma kwibandla lamaBhaptizi. Bendithetha nomzalwana wam waseBhaptizi. Kwaye wathi kum, "Mzalwana uBranham?" Wayengu Gqirha wobuNgcwele, indoda elungileyo, umKristu wenene. Wathi, "Kodwa, Mzalwana uBranham, ulufumana phi olwa bhaptizo lukaMoya oyiNgcwele luyinto eyahlukileyo kukholo kuKristu Yesu?"

Ndathi, "Lwahlukile, mzalwana wam othandekayo."

69 Wathi, "Awucingi ukuba xana usamkela uKristu, wamkela uMoya oyiNgcwele?"

70 Ndathi, "Ngokuchanekileyo. Kodwa," Ndathi, "uyabona, uvuma kuphela ukuba umamkele uKristu, ade Aliqaphele."

71 Wathi, "Mzalwana uBranham, u-Abraham wakholwa kuThixo, kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni kuye."

72 Ndathi, "Ewe. Kodwa uThixo wamnika umqondiso, wokuba Wayelwamkele ukholo lwakhe, xana Wamnika itywina lolwaluko, ukuba Wayeluqaphele ukholo lwakhe." Amen.

73 Ngoku, xana samkela uKristu njengoMsindisi wethu, ngoko, ukuba sinyanisekile kulo nto, ngoko uThixo usinika umqondiso, wokuba ulwamkele ukholo lwethu kuKristu, ngokusinika itywina lolwaluko, elinguMoya oyiNgcwele. Elo litywina lolwaluko. “Musani ukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo enithe natywinwa ngaye ukuya kusuku lweNtlawulelo yenu.” Hayi kumhlangano olandelayo; kodwa kusuku lokuHlangulwa kwakho. Injalo, kwabase-Efese 4:30. Ngoku, leyo yindlela esimamkela ngayo uMoya oyiNgcwele.

74 Ngoku, ukuba uthi, “Owu, ndilikholwa,” kwaye uThixo akakaze akunike uMoya oyiNgcwele okwangoku, Akazange aliqaphele. Uvuma nje ukuba uyakholwa. Kodwa xana konke ukuthandabuza . . . Andithi awulokholwa ngoku. Kwinxalenye ethile, ulikholwa.

75 Kodwa xana uThixo efumene ubabalo, ufumene ubabalo kuYe, gxebe, kwaye Uyakuqaphela ukuba ungumntwana Wakhe, kwaye Uyayazi intliziyo yakho, kwaye Uyakubona ukunyaniseka kwakho, Uyazi zonke izinto zinqunyulwe zasuswa kuwe. Ngoko Ukutywinela ebuKumkanini bukaThixo, ngoMoya oyiNgcwele, engqina ehlabathini ukuba Ulwamkele olo kholo othi unalo kuYe. Uyayifumana ngoku?

76 Ngoku, ngokukhawuleza emva koko, kuza ukuhendwa. “Wonke unyana ozayo kuThixo kumelwe kuqala ohlwaywe, acikidwe.”

77 UYesu, wathi akwamkele ukuzaliseka koMoya, phezu komlambo, xana uYohane wambhaptizayo, kwangoko uMtyholi wamthabatha wamsa Yena entlango, ukuba ahambe exesheni lokuhendwa. Kodwa xana Wathabatha iLizwi likaThixo kwaye wamoyisa umtyholi, “Kubhaliwe. Kubhaliwe,” Wabuya ngoko sele elungele ulungiselelo Lwakhe.

78 Kwaye leyo yindlela uThixo awamenza ngayo u-Abraham. Ngoku, uThixo, emva kokuba embizile ukuba aphume elizwe lakowabo, kwaye wazahlula elizweni lakowabo, abantu bakowabo, kwaye ngoko uThixo wamnika itywina lolwaluko, ngoko wamnika unyana. Ngoko wehla waya kolo vavanyo lokugqibela, kanye ukwehla ngexesha kwakumele anikele ngo-Isake unyana wakhe ukuba abe lidini. Kwaye Wathi, “Ekubeni uthe akwanqaba ngonyana wakho ekuphela kwakhe, Ndiyazi ukuba uyaNdithanda.” Wamnika olo vavanyo.

79 Ngoko kwangoko emva koko, idabi laphunyelelwa ngoko, Wathi, “IMbewu yakho iya kulithimba isango lotshaba lwayo.” Amen. Ndiyakuthanda oko. “Iya kulithimba isango lotshaba lwayo.” Siza kufika kwelo nqaku lokugqibela kwimizuzwana nje embalwa, iNkosi ithandile. Ngoku Wakufumana oku, u-Abraham ethembekile. Emva kokuba efumene u-Abraham ethembekile, ngoko Wamnika indinga lokuthimba isango lotshaba.

80 Ngoku apho, ngamaxesha amaninzi, apho abaninzi bethu bakwaMoya benze impazamo, kwaye bacinge, "Ke, uMoya oyiNgcwele uthululelwe phezu kwam. Uzuko kuThixo! Koko kuphela ekumelwe ndibenako." Hayi, mhlekazi. Uyaqala nje ngelo xesha. Wena, akuyiyo ngoko. Luvavanyo lwakho nocikido lwakho.

81 Kanye njengoko sifumana kwi—kwi, ngaphaya kwi—i—iTestamente eNdala; ukuvavanya, ukucikidwa, kwaye ngoko ukubekwa konyana. Ukwamkelwa, ukubeka unyana emva kokuba sele engunyana, ube ezelelwe kusapho. Ungunyana, ngoko uya kuvavanywa kwaye acikidwe, akhuliswe ngabakhapheli, kwaye kubonwe ukuba uphuma njani na. Kwaye ngoko ubekwa endaweni, ephantse, alingana naleyo kuyise.

82 Ngoku yiloo nto kuyiyo namhlanje. Sibe neminyaka engamashumi amane wokuvavanywa kwePentekoste, okanye nangaphezulu, yabona, ukuvavanya ibandla, ukubona ukuba bayakuma na, okanye hayi. Ukubona lonto wena . . . Kwaye, yabona, kulapho ndiyifumana khona kwakhona. Endaweni yokuba sibambelele emnqamlezweni nakwiLizwi, size siqhubele phambili, similiselwa ngokwehlabathi, ukuwela kule*ndlela*, okanye ukuwela *kule*ndlela, okanye similisele emva *koku*.

83 Njengoko bendihlala ndithetha kalukhuni ngokuchasene nabantu kule ndlela yesiqhelo yanamhlanje, abafazi bacheba iinwele zabo, kwaye—kwaye namadoda eqhubeleka nayo yonke into, enxibe nje iimpahla eziziphethe kakubi nezinto. Ndifumana okungako ukugxekwa ngako oko. Kodwa yintoni? Kukuzama ukusindisa ela bandla. Kukuzama ukubanyusela *apha,* eLizwini likaThixo, nokuba elinye ihlabathi lingathini na ngaLo. Hlala neLizwi likaThixo. Amen. Yabona? Yabona?

84 Into ekuyiyo kukuba, njengokuba bendisitsho kubusuku bayizolo, amaPentekoste alindele umoya ovuthuza ngamandla, kodwa ayasilela ukuva elaa Lizwi lincinane lizolileyo. Yabona? Ukuba, akulunganga ukwenza ezo zinto. Bacinga ukuba, "Logama nje umoya uvuthuza, kulungile."

85 Kodwa oko akuzange kutsale ingqalelo yomprofeti. Umoya ovuthuzayo awuzange umkhathaze umprofeti u-Eliya emqolombeni. Iindudumo nemibane enamandla, nokuthululwa phantsi, akuzange kumtsale, konke. Kodwa eyona nto yamothusayo kwakulilizwi elincinci elizolileyo, lokokuba into ethethayo ngaphakathi. "ILizwi laM liyiNyaniso. Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye elaM libe yinyani." Yiloo nto eyatsala umprofeti. Yabona?

86 Kwaye iseza kuyenza. ILizwi likaThixo lihlala litsala langqiqo kamoya, ngokuba yingqiqo kaKristu kuwe, eyaziyo ukuba ukuba elaLizwi liyinyaniso.

87 Kwaye udlula kwixesha lovavanyo. Ibandla lidlula kwixesha lovavanyo. Umntu ngamnye udlula kwixesha lovavanyo

ngaphambi kokuba abe nokuthimba isango lotshaba. U-Abraham wadlula kulo. UKristu wadlula kulo. Emva kokuba uKristu ezaliswe nguMoya oyiNgcwele, phaya kumlambo waseYordane, wadlula kwixesha lokuvavanywa. Emva kokuba u-Abraham ebiziwe wakhutshwa, wabekwa elizweni lakhe apho wayeza kuba ngumhambi, emva koko wamnika ulwaluko, waze uThixo wahlangana naye, ixesha emva kwexesha, ukanti kwakumelwe ukuba adlule kwixesha lokuvavanywa. Yonke imbewu ka-Abraham yenza kwaloo nto inye, u-Abraham neMbewu yakhe.

88 Umbutho, ibandla, naso isizathu sokuba sifumane imibutho yethu isiwa ecaleni kwendlela, kungenxa yokuba xana kufikelelwa kuvavanyo. Oluphi uvavanyo? ILizwi likaThixo. Kukho uvavanyo. ILizwi likaThixo luvavanyo. Ingaba siyakwenza oko iqela lamadoda lithi makwenziwe, okanye siyakwenza oko uThixo athi makwenziwe? Nanko ke umahluko.

89 Nantso ke isiza, imihla kaDwight Moody, imihla kaFinney, noSankey, noKnox, noCalvin, noSpurgeon, bonke ngabanye babo, loo madoda kamoya, imibutho yalandela emva kwabo. Babeneqela lamadoda emva phaya anqumle iindlela zawo kulo, umntu ngamnye ekholwa *oku* no*kuya*, kwaye besongeza okuncinane *apha*, kwaye bathabathe kancinane *phaya*, kwaye bongeze kancinane *apha,* de ekugqibeleni benza umbutho ukuphuma kulo.

90 Kwaye xana besenza, ikholwa lenyani lokwenene, UThixo uyajikela athabathe umntu omncinane, othile othobekileyo, ayiqhekeze lanto ibengamasuntsu. Kulungile. Ngalo lonke ixesha uyenza. UThixo akaguquki. Ayikrazule nje loo nto ibe ngamasuntsu, abantu abathile abanengqiqo yokomoya abayakuhlala kanye nela Lizwi.

91 Makhe ndikuxelele. Ndinecwandi ekhaya, yenye yalo mabandla abalaseleyo, imibutho emikhulu kwintshukumo yamaPentekoste. Laa mfazi ohluphekileyo onentliziyo-eyaphukileyo wandibhalela incwadi. Kwaye wathi, "Mzalwana uBranham, ndandineenwele ezinde ndinomsongo emva kwentloko yam." Wathi, "Kwaye u . . . Umyeni wam wayezithanda." Kwaye wathi, "Sasuka kwisixeko apho sasinebandla elalilelomoya ngokwenene, saya apho eli bandla likhulu, ibandla lokuqala lesixeko." Kwaye wathi, "Xana sifika apho, bonke oodade bamaPentekoste babechebe iinwele zabo." Kwaye wathi, "Baye balandela emva kwam malunga nayo. Ndathi, 'Hayi, hayi. Ndiyakholwa ukuba iBhayibhile ithi masingayenzi loo nto; kulihlazo ukwenza oko.'" Kwaye ke wathi nje, "Kwaye baqhubeka . . . " Babeya kumhleka, bathi, "'Heyi, lakho—ivili lakho lihla umoya ngasemva, isipere sakho, nako konke ngolo hlobo. Kwaye baba semva komyeni wam, ngolona

hlobo, wade wandinyanzela ukuba ndichebe iinwele zam." Kwaye wathi, "ndaye ndagwebeka, ukusukela ngoko."

92 Khawucinge ngayo, ibandla lakwaMoya ekumelwe ukuba limele iLizwi likaThixo! Kulapho umbutho wenu unisa khona. Injalo. Bayasilela ukuva elaZwi lincinane lizolileyo leLizwi, elibabizela enyanisweni. Bonke baphulaphule umoya ovuthuza ngamandla, kwaye nokukhwaza okuninzi nokuxhentsa, besithi banamandla. Konke oko kulungile. Ndiyakholelwa koko, nam. Kodwa, mzalwana, xana unokuxhentsa kwaye ukhwaze, kwaye ujike uze ukhanyele iLizwi likaThixo, kwaye uphile njengehlabathi, kukho undonakele kwindawo ethile. Kulungile.

93 UMoya kaThixo uyehla, elaa Zwi lincinci lizolileyo, kwaye likukhokelele ngqo eKhalvari, apho sifileyo khona, kwaye ubomi bethu bufihlwe kuThixo ngoKristu, kwaye sitywinwe ngoMoya oyiNgcwele. Ngoko, elaa Lizwi lodwa liphila apho. "Ngoko ukuba nithe nahlala kuM, neLizwi laM kuni, celani enisukuba nikuthanda, nokuphiwa." Nanko umahluko.

94 Ndiyathemba ukuba andibonakali kuni njengomntu ongumbaxi. Ukuba ndinguye, ndi—ndi—ndingongenalwazi lwayo. Ndi—ndiyakholwa ukuba iLizwi likaThixo liyiNyaniso, kwaye Limelwe kukuhlala kanye apha. Kwaye ukuba Lihlala apha, Liyakuzibonakalisa ngoKwalo ngaphandle. Limelwe! Ubomi bakho, ukwakheka kwakho konke, buza kwehluka.

95 Ke xana uThixo wanika u-Abraham uvavanyo, waphumelela, ikhulu leepesenti. Kwaye bekuya . . .

96 UThixo akanako ukunika umbutho uvavanyo, ngokuba konke kuxutyiwe. UThixo akasebenzi ngaloo ndlela nombutho. Akasebenzi nezizwe kuhlanga lwabeNtlanga. "Wathabatha abantu wabakhupha kwiiNtlanga." KuSirayeli, Wathabatha isizwe. Kodwa, kwabeNtlanga, "Wathabatha abantu wabakhupha kwiiNtlanga ngenxa yeGama Lakhe." Ke, uyabona, ayingombu- . . . Ayingombutho. Ngumntu ngamnye awaMthabathayo ukuphuma kwiNtlanga.

97 Kwaye xana uvavanyo lusiza, uyabona ukuba kwenzeka ntoni na? Siye saphuma ukuze sigwetyelwe. Siyesafumana ubhaptizo loMoya oyiNgcwele kwintshukumo yepentekoste. Kodwa xana kufikwa kwixesha lovavanyo, fumana iizifundiswa ezichubekileyo, bafuna ukufana nehlabathi, kanye njengokuba kwakunjalo ngemihla yentshukumo kaWesley nabo bonke babo. Baya esikolweni. Ba—bafunda inzululwazi. Kwaye bafunda zonke ezi ezinye iintlobo zezinto ezihambisana kunye nemfundo. Kwaye bazama ukufunda ufundo lwengqondo. "Nje eyona nto ingcono, ke, musa ukukuthetha *oku*. Bavumele benze *oku* no*kuya*. Ngokuba iyaku . . ." Yabona, uyaqokelela kwaye uyakha. Injongo yakho—yakho—yakho ayilunganga. Imbono yakho ayilunganga. Wakhela kumbutho endaweni

yokwakhela eKhalvari. Ungokhela kanjani eKhalvari, ungangeni ngokwendlela yeLizwi?

98 "Kuba sihlanjwe ngamanzi weLizwi." "Nihlala kuM naMazwi aM kuni, ngoko celani into enisukuba niyithanda."

99 Phaya kulapho sibona khona ukoyiswa kwentshukumo yamaPentekoste, ngokuba bayemnka eLizwini. ILizwi liyakuthetha into enye; bayakuzama ukwenza ukuba umbutho ungene phaya ndaweni ithile. Kwaye bayakuhamba bemnka kanye kwelo Lizwi, kwaye balithabathele ngaphakathi kanye nombutho. Kwaye uyabona apho bahambele khona? Iphantse yafana nezinye iicawa. Kodwa ngoko sixhentsa kwaye sikhwaze, kwaye sithethe ngeelwimi, kwaye sixhume sinyuka-nokuhla, bona balungile. Umbutho wabo ulungile. Ndiyathemba ukuba ndizicacisile. Kodwa eyona nto yile, elaa Zwi lincinane lizolileyo leLizwi elithethayo. Lilo elo.

100 Ungena kuvavanyo. UThixo uyakuvavanya njengoko Wenzayo ku-Abraham. Uvavanya iMbewu ka-Abraham, emva kwakhe. Kwaye ngoku, isizathu sokuba singabi nako ukuthimba isango lotshaba, isizathu sokuba kubekho okungaka phakathi kwethu, kungenxa yokuba asikwazi ukumelana novavanyo. Kwaye mandikuxelele lento, ukuvavanya kweLizwi kulungile.

101 Isizathu sokuba singabinalo, kwaye asisayi kuba nalo . . . embuthweni. Ndicinga ukuba amaPentekoste anombutho olungileyo. Abanye bawona madoda alunge kakhulu endi . . . alele . . . ahlala phezu kobuso bomhlaba, bangawawo—lombutho.

102 I-Assemblies of God, ndinabahlobo apho. Bethu! Umzalwana kanye phaya e-Indiana, ndiza ku, kubanomhlangano, ndiyakholwa, ndlela, kwangoko. UMzalwana uRoy Weed, uyindoda yesithili yelizwe lase-Indiana. Ndiyakholwa ukuba yindoda enobuthixo. Ukanti, uyindoda yesithili ye-Assemblies of God.

103 IFoursquare, owu, bethu, bangaphi! URalph McPherson kunye nabaninzi babo bazalwana, abangamadoda anobuthixo, akukho nto ebomini babo. Bangamadoda alungileyo.

104 Ngaphaya ukuya kuBunye, into abazibiza ngayo, uBunye. Okanye, ngoku, andicingi . . . Bayibiza ngokuba libandla leGama likaYesu. UJack Moore, ubiza nje omnye ukuphuma kwi . . . Kukho amakhulu abo, amadoda alungileyo, amadoda alungileyo, amadoda anobuthixo.

105 Kodwa eyona nto ikhoyo yile, mzalwana, yile, xana uxhomekeke kula mbutho. Yabona? UThixo uthabatha loo mibutho, kwaye—kwaye yonke yawa. Yijonge, ihlabathi lichwechwela ngaphakathi. Khangela abafazi babo. Khangela amadoda abo. Khangela iimeko zabo. Ndinganikhombisa, abantu base-Assemblies of God abanamadikoni ebhodini yabo, abatshate kabini okanye kathathu, abashumayeli beqhubeleka. Abafazi abachebe iinwele zabo, benxibe ezimfutshane,

beqaba ubuso, kwaye bezibiza ukuba banoMoya oyiNgcwele, kuxhomekeke kubungqina bokuthetha ngeelwimi, okanye ukuxhumela-phezulu-naphantsi, okanye ukukhwaza.

106 Bayalisilela elaa Zwi lincinane lizolileyo leLizwi. Elaa Lizwi likugcina uxhathisile kumnqamlezo. Kulapho ilele khona. Kungenxa yoko singenabo abaprofeti bokwenene ebandleni namhlanje, njengo-Agabho.

107 Kungenxa yoko, ibandla namhlanje, aba—abakuhloniphi kwa ukuthetha ngeelwimi xana kukho umntu othethayo, ngokuba bave okuninzi okungeyonyani nokuqhubeleka, de bangazi ukuba yintoni elungileyo nengalunganga kuyo.

108 Ukutolika okuyinkohliso nje, umntu othile athethe nje into kuba eziva ekhokelwa. Ayikokutoliko oko. Ukutolika; hayi umntu othile oma athethe ngeelwimi, omnye aphakame kwimizuzu embalwa kwaye atolike lonto ayithethileyo. Xana omnye ethetha, omnye uyatolika kanye apho, ethetha igama negama, intetho enye, yonke into ngokufanayo. *Le* ndoda kusenokuba iyaprofeta, kodwa asikokutolika. Abanye babo, *olu* hlobo lwezwi lunika into ethile, *oku* apha emva kunika enye into. Kwaye abanye bathetha amazwi alishumi, omnye athethe amazwi angamashumi amahlanu emva kwawo, ukutolika.

109 *Ukutolika* kuthetha “ukuthetha, ilizwi-ngelizwi.” Ukuba liLizwi likaThixo, limelwe kukuba lize, ilizwi ngelizwi; umgca phezu komgca, umgca phezu komgca. Yiloo ndlela iLizwi limelwe kukuza ngayo.

110 Kodwa yintoni esiyibonileyo? Bubuxoki obungako! Kwaye bayakwenza oko, ukuze, endaweni yokuhlala neLizwi, babeka oko apho phantsi. Kwakamsinya nje yakuba indoda yenze oko, bayibiza ngomPentekoste. Kwaye uyazi ukuba kwenzeka ntoni.

111 Xana uvavanyo lusiza, ixesha lokuvavanywa, ngoko iMbewu iyaqalisa, ukubonisa ukuba yeyiphi iMbewu kunye nengeyiyo. Ngoku, nokuba kwenzeka ntoni na, u-Abraham wahlala neLizwi, idinga.

112 Kodwa namhlanje umbutho awunako ukwenza oko. Kwaye abanye kuni bazalwana abathandekayo abakuloo mibutho, anivumelani nabo kanye, uyazi apho uya khona. Bangaphi kuni?

113 Anditsho, kwesi sakhiwo ngoku, kodwa bangaphi ababe kwigumbi lokufunda lam, bangaphi ababekunye nam, uthi, “Mzalwana uBranham, siyazi ukuba yiNyaniso leyo. Kodwa ukuba sikhatyelwe ngaphandle apha, yintoni esiyakuyenza?”

114 Mzalwana yintoni esiyakuyenza? Bambelela eKhalvari, bambelela kwidinga, bambelela emnqamlezweni, nokuba kunjalo.

115 Kwaye phaya ngaphakathi, banawona madoda alungileyo. Yabona? Kodwa into endizama ukuyenza, kukuthi, oko kumelwe kukusilela. Isoloko isilela kwaye iyakuhlala isilela. Kodwa

kukuba, nokuba uyasilela okanye hayi, noThixo, gcina iLizwi likaThixo nedinga Lakhe, kuqala. Uyakuvavanywa ngalo.

116 Uzakutyikitya amaphepha, ukuba uyakwenza *oku* okanye wenze *okuya*. Nkqu nokuba kuchasene neLizwi, uzakuwatyikitya nobakunjalo. Kunjalo oko. Entliziyweni yakho, uyazi ukuba ayilunganga. Elo leliya liZwi lincinane lisathetha, elaLizwi. Akumangalisi ukuba singakwazi ukuqhubela phambili, ngokuba yintoni eyenzekileyo. Uzahlukanisile ngokwakho kwela Zwi lincinane lizolileyo. Ubaleka ngokukhawuleza kakhulu. UThixo ubekubiza, kodwa ubaleke ngokukhawuleza kakhulu, ngokuba iindudumo zagquma, imibane yadanyaza, intaba yashukuma.

117 Ayizange imshukumise u-Eliya, laa mprofeti. Wayefuna elaa Zwi, kuqala. Wathi, "ndizakuhlala kanye apha."

118 Abaninzi namhlanje, baqalisa, iinkonzo zempiliso, ezenyama ngokuthelekisa, zonke iintlobo zezinto, kwaye neemvakalelo ezingazange zibonakale eLizwini likaThixo. Kunjalo oko. Kungaba yintoni? Bekumelwe silicule elaa culo, "Abobalindela eNkosini. Mandilithobe ikratshi lam kwaye ndibize kwiGama Lakho. Mandilinde, Nkosi, ndide ndive elali Zwi lincinane lizolileyo." Kwaye elo Zwi liyakuba liliZwi leSibhalo. Liyakuthetha kanye ngeLizwi. Amen. Kulungile.

119 Wafunyanwa, u-Abraham emva kokuba ebekiwe, wabizelwa ngaphandle, wahlukaniswa kwabathandekayo bakhe, ukusuka kusapho lwakhe, ukusuka kwikhaya lakhe, ngenxa yemizalwane yakhe, ukuya kwilizwe lasemzini. Ngokholo wakwenza oko. Ngoko, ngokuba wakwenza oko, uThixo wamnika ulwaluko, ukungqina ukuba wayengunyana kaThixo, ukuba wayekholwa kuYe ngokuba wayekholwa kwidinga. Ukanti, wayengenako, wayengayiboni ngokwendalo, kodwa wayivuma, "Nantoni na eyayichasene neLizwi likaThixo kwakububuxoki." Kungakhathaliseki ukuba bungakanani ubungqina obuvelayo, isebubuxoki.

120 Ndiyakucaphukela ukuthetha oku, kodwa kuya kufuneka ndikwenze. Khangela. Kwaye xana nithabatha abafazi, ndiyakuyitsho ngento enye ebonakalayo, ongayibonayo, kwababanga ukuba banoMoya oyiNgcwele, kwaye bengandilisekanga ngokwaneleyo uku—ukuyeka iinwele zabo zikhule, kukho into engalunganga ndaweni ithile. Umfazi oya kunxiba ingubo eyenzelwe indoda, kwaye ayinxibe, xana iBhayibhile isithi, "Kulisikizi ku—kuThixo, ukuba umfazi anxibe ingubo eyenzelwe indoda." Kwaye ubanga ukuba unoMoya oyiNgcwele kwaye wenza oko?

121 Ndathetha ngoko ngenye imini e-Oregon. Kwakukho umfazi owandibhalela incwadi enkulu kakhulu. Wathi, "Mzalwana uBranham, unolungiselelo olumangalisayo, kodwa ngokuqinisekileyo uyalonakalisa." Wathi, "Ngoku,

kuthekani. . .” Wathi, “ndinxiba iiovaroli ngalo lonke ixesha.” Wathi, “Kuthekani ngokuphuma esitiyeni ukuyochola ethile—isitiya esithile, kwaye anxibe nelokhwe. Awucingi ukuba iyakubonakala ngcono kakhulu ngee-ovaroli kunokuba ibinganjalo, okanye iidangara, nokuba yintoni na, kunokuba unxibe ilokhwe?” Kwaye wathi, “Khangela, ndiphalisa ndinyukela namakhwenkwe entabeni xana esiya kwalusa iinkomo, kwaye,” wathi, “ndingena kwindawo ezaliswe ziingcongconi.” Wathi, “Ngoku, ndinxibe i—ndinxibe ilokhwe, beziyakunditya ndiphele. Nge-ovaroli azindihluphi.”

122 Ndathi, “Oko kubhitye kakhulu kunomhluzi owenziwe ngumthunzi wenkukhu ebulawa yindlala. Tarhu! Ayinalo nalinye iLizwi likaThixo ngayo. Luluvo lwakho olo.”

123 Wathi uThixo, “Lonke ilizwi malibe bubuxoki, kwaye eLakhe libe yinyaniso.” Umfazi wam unxiba ilokhwe. Ucholachola esitiyeni. Akanangxaki ngayo. Kwaye, nakanjani na, umfazi akananto yakwenza negquba lamadoda phandle phaya, esalusa iinkomo, kakade. Umelwe kukuba sekhitshini apho ahlala khona. Kunjalo oko.

124 Bazama nje ukufumana isizathu, kodwa akukho nasinye. ILizwi likaThixo licacile, kwaye umfazi ozelwe ngoMoya kaThixo uya. . .Kwaye indoda ezelwe ngoMoya kaThixo ayisayi kuvumela umfazi wayo ukuba enze ngolo hlobo. Wathini Yena? “Lowo ucheba iinwele zakhe, uhlazisa intloko yakhe.” Kwaye indoda yakhe yintloko yakhe. Akahloniphekanga.

125 Kungcono ndithule. Kulungile. Ngoku, yabona, yabona, kwanele oko. Uyayazi into endithetha ngayo.

126 Andikutsho oko ngobubi. Ukuba ndikutsho oko ngobubi, Thixo yiba nenceba kwintliziyo yam enesono; mandehlele apha kwesi siguqo, ndiguquke.

127 Ndikutsho ngokuba, zihlobo, ndiyanithanda. Kwaye ndizama ukunixelela into eyiyo inyaniso, kwaye liLizwi likaThixo elo. Simelwe kukuva elaliZwi lincinane likaThixo, ukuze silinganisele kwiLizwi. Singena kwixesha lovavanyo. Haleluya!

128 Ingaba uyaqaphela ukuba emva kwela xesha lovavanyo lifikile, okwa kuqeqeshwa kwaloo nyana wazalelwa kusapho lobuhlelo? Ukuba wamelana novavanyo kwaye wahlala nomnqweno kayise, ngoko laa nkwekwe yayikhutshelwa ngaphandle inxityiswe ingubo, kuze kubekho umcimbi otshiwoyo. Kwaye laa nkwenkwe ngoko yayibekwa kusapho eyazalelwa kulo.

129 Nantso into eyingxaki ngamaPentekoste wethu namhlanje. Baxhumela nje *apha* na*phaya*, kwaye imibutho yethu ibatsalela *kule* ndlela na*kula*ndlela. Abahlali neLizwi.

130 Ukuba uyakuhlala neLizwi, ngoko uThixo, ebona, "Ukuba nithe nahlala kuM, neLizwi laM kuni," Lakhe, Akanakuyikhanyela, LiLizwi Lakhe. Ngoko kuyakubakho ixesha, ngelinye ixesha, xana uyakuthatyathwa ubekelwe bucala, kwaye unikwe into yokwenene, haleluya, amandla kaThixo Onamandla onke.

131 Leyo, uThixo ulindele abantwana Bakhe, kodwa abasayi kuba semgceni nje, xana bekufika kwelo xesha lovavanyo. Ingaba uya kuyamkela? "Ke, ibandla liza kundikhuphela ngaphandle." Kulungile. Nantso ke. Ngoko, hamba. Oko akuyoMbewu ka-Abraham. IMbewu ka-Abraham ayenzi ngolo hlobo.

132 IMbewu ka-Abraham! Ngoku, andikhathali nokuba yintoni na eza ngokuchasene no-Abraham, wahlala kanye nela Lizwi ledinga, wahlala kanye nje nalo. Akukhathaliseki nokuba uSara weza, nabanye beza, nabahlukeneyo beza, yonke into, wayibala ngokungathi yayingekho. Wakhangela, wakholwa ukuba wayenokubona idinga, ngokuba uThixo wayelithembisile kuye, kwaye kwakukuko konke okwalilo kulo. YayiliLizwi likaThixo, lahlala kanye kuye.

133 Ngoko Wamnika olo vavanyo lokugqibela. "Ndiya kumnika izahlulo eziphindiweyo, kwaye ndimlinge." Ngoku, sele enaye unyana. Uyabona unako oko. "Kodwa ngoku ndiza kumxelela, 'Mthabathe laa nyana umbulale.' Kwaye vumela lanyana, xana ebona . . . Angambulala lanyana? Ndizakumlinga ngoku."

134 U-Abraham, enyanisekile kwiLizwi! Njani, xana usamkela idinga, uyakuyimisa njani loo nto?

135 "Njani—uya kuthini—ungakulindela kanjani ukuba nguyise wezizwe, kwaye naku uneminyaka elikhulu elineshumi elinesihlanu ngoku?" U-Isake omncinane, malunga neshumi elinesine, ishumi elinesihlanu leminyaka ubudala. "Uya kuba nguyise wezizwe njani xana unekhulu elineshumi elinesihlanu leminyaka ubudala, nanku umntwana wakho ekuphela kwakhe, kwaye utshabalalisa ubungqina bakho okuphela konabo?" Amen.

136 "Ndizakwenza njani ukuba ndiyaphuma kumbutho wam? Ndizakwenza njani ukuba ndiyakwenza *oku*?" Owu, phulaphula kwelo Zwi lincinane lizolileyo kwaye uze eLizwini, iLizwi.

137 Uthi, "Ndive ilizwi lindixelela *oku*." Ukuba lichasene neLizwi, bekungelilo iliZwi likaThixo. ILiZwi likaThixo liza kwiLizwi.

138 Ngoko u-Abraham wahamba waya kanye apho eZwini, kwaye elizolileyo, elincinane iZwi likaThixo, kwiLizwi likaThixo, kumele athabathe ubomi bonyana wakhe.

139 Wathi, "Misa isandla sakho, Abraham. Ndiyazi uyaNdithanda ngoku. Kwaye bonke abo basemva kwakho,

haleluya, bonke abo bayakuza emva kwakho, abakuthandayo ukuthabatha iLizwi laM, iyakuba yiMbewu yakho, kwaye apho iyakuthimba isango lotshaba."

140 Ndinqwenela bendinokuba nexesha lokunixelela into ethile eyenzekileyo kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, yabona, ngento eyenzekayo. Owu, bethu!

141 "Iyakulithimba isango lotshaba; iMbewu yakho emva kwakho. Abraham, okusikelelayo uya kusikelelwa, nalowo ukuqalekisayo uya kuqalekiswa." UYesu wathi, "Kungcono ukuba ubotshelelwe ilitye lokusila entanyeni yakho, untywiliselwe enzulwini yolwandle."

142 Kwaye le mibutho ikhupela ngaphandle loo madoda anobuthixo, ngokuba bayebamela iNyaniso, iLizwi, noMoya, namandla kaThixo, kwaye bahlala neLizwi, uyabona ukuba kwenzeke ntoni na? Untywiliselwe kulwandle lokulibala.

143 "Kungcono ukuba ubotshelelwe ilitye lokusila entanyeni yakho, utywiliselwe enzulwini yolwandle, kunokuba ukhubekise noyena mncinane kwaba baThanjiswa." Bayintoni? IMbewu ka-Abraham ehlela neLizwi ledinga.

144 Ezinye zecawe zethu zifika kwindawo yokukhanyela, bakhanyela impiliso eNgcwele, abasayifuni ebandleni labo kwakhona. Kunjalo oko. Imibutho yethu yamaPentekoste abasayifuni impiliso eNgcwele. Ingaba yintoni? Awuboni ukuba umtyholi usebenze njani? Uye wajikeleza apho kwaye wathetha izinto ezingeyonyani ngolo hlobo. Kwaye amadoda nje aziingqondi acinga ukuba angawomoya, aze akhangele kulonto, kwaye athi, "Khangela ku*lowa*. Ukhangele ku*lowa*." Andikhangeli oko.

145 Ukuba uyiMbewu ka-Abraham, uyakukhangela kwidinga likaThixo, lonto uThixo wathi mayenziwe ngako. Kunjalo. IMbewu ka-Abraham, sikhangele kwidinga. Andikhathali nokuba bangaphi abawela *kule* ndlela kwaye bangaphi nabawela *kula* ndlela. Idinga lihlala liyinyaniso.

146 Kumele udlule uphumele kwezo mvavanyo. Yabona? Ewe. U-Abraham, wavavanywa kuqala, kwaye ngoko watywinwa, ngoko wanikwa idinga lokuba "iMbewu yakhe kumele ithimbe isango lotshaba." Ndiyakuthanda oko. Ngoko, bayawathimba amasango weentshaba zabo emva kokuvavanywa.

147 Into eyiyo, asikwazi kumelana novavanyo. Seso sizathu sokuba imibutho yethu ingakwazi ukumelana novavanyo. Asikokuthanda kukaThixo. Kukuthi, uThixo uwusikelele, kodwa akuyontando kaThixo. Ngokuba, yabona, uneqela elipheleleyo lamadoda apha anamaqela onke embono, kwaye bazidibanisa kunye kwaye baphume neyona nto ingcono banako. Abanye babo bathi, "*Le* yindoda enkulu. Awuna kulikhanyela ilizwi layo." Ke, ikwayiloo ndlela ifanayo ibandla lamaKatolika lingumbutho, into enye, phezu kweqela lamakholwa akrelekrele.

Abakrelekrele, bakhangela kuyo, bayilingalenise namaxesha. Awunakuyenza loo nto. Yonke enye into ibubuxoki kuphela iLizwi likaThixo.

148 U-Abraham akazange akhangele nanye into ngaphandle kwedinga likaThixo. Kungakhathaliseki kwakuyintoni na, wahlala nedinga likaThixo.

149 Ngoko naso isizathu sokuba singafumani ngaphezulu. Umbutho awunako ukuthimba isango lotshaba. Kukho iingqondo ezininzi kakhulu phakathi apho.

150 Kumelwe kukuthabatha umntu ngamnye, lowo uthimba isango lotshaba. Ungayenza ukuba uyafuna. Ewe, mhlekazi.

151 Makhe sizame abambalwa, okwe mizuzu embalwa, sibone ukuba bahlala na eSibhalweni.

152 Ngoku, kwakukho ixesha ezantsi eBhabheli xana kwakukho u—umfanekiso oqingqiweyo, umfuziselo omhle webandla lamaKatolika, kwaye bonke abo babengaqubudi kuwo umfanekiso babeya kutshiswa ezikweni elivutha umlilo. Ngoku, kwakulelamanqam, ukuba babezakuhlala na, xana uThixo wathi, "Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwaM, okanye wenze umfanekiso wayo nayiphi na into." Yiloo nto uThixo wayithethayo. Amanqam ayeza.

153 Bonke abanye bamaSirayeli bawela kanye phakathi. Kwaye xana ixilongo livakala, kwaye u—kwaza kwavakala umrhubhe, kunye ne—kunye nembande yakhala, ngoba, bonke bawa phambi kwalo mfanekiso.

154 Kodwa kwakukho abathathu kubo abathi, "Akukho nto yenziwayo." Baliva elaa Zwi lincinci lizolileyo, kwaye bahlala emgceni neLizwi. Benza ntoni? Bahlala neLizwi.

155 Kwaye emva koko, bona—bona—bathi, "Ukuba anikwenzi . . . Siza kuninika elinye ithuba, okanye siya kuniphosa kwiziko lomlilo."

156 Wathi, "uThixo Wethu unako ukusihlangula kwela ziko lomlilo." [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] "Kodwa, nokuba kunjalo, siyakuhlala neLizwi."

157 Ngoku, mzalwana, kuthini malunga nawe? "Ndiyakwenza ntoni, Mzalwana uBranham?" Hlala neLizwi. Hlala nesithembiso. "Icawe yam yonke iyakuhamba imke kum." Hlala nesithembiso. Zimelwe kukudlula, zimke nje ngenye imini, nakanjani na. Kodwa, uThixo akasoze. Hlala nedinga. "Ke, ndiyakuxelela, bayakundikhabela ngaphandle." Hlala nedinga, ngokufanayo nje. Hlala kakuhle nesithembiso. Ngoku, ukuba ungahlala nesithembiso kwaye uhlale phaya, hlala kanye nabo ngoko.

158 Yibanobudlelwane naye wonke umntu. Kodwa ngoku apha, ngoku, awusoze uzuze nangayiphi na enye indlela ngaphandle kobudlelwane naye wonke umntu. Kumele wenze. Ngoku, xana

besiba babi kakhulu, baziphethe kakubi, ngoko hlala kude koko. Injalo. Musa ukungena kwindawo yotshaba. Kodwa okoko nje uzama ukuzuza umzalwana wakho, kwahlukile oko. Yabona?

159 Ngoku khangela, kodwa awusoze uluzuze uluvo lombutho, umntu omnye, hayi, mhlekazi, xana, baye bawubeka umthetho wabo, "Siyakukholwa *oku*," qwaba. Ukuba ungayibhala imfundiso yakho, "Siyakukholwa *oku*," ikoma, iza kwahluka. Uqwaba uthetha ukuba, "Siyakholwa *koku,* kwaye umelwe kukuba uze *koku* kwaye utyikitye eli phepha, okanye kuphelele apho."

160 Kodwa ukuba uthi, "Siyakukholwa *oku*," ikoma, "kunye nokuninzi esinokukufunda kuThixo. Sivulekele kuMoya oyiNgcwele," ngoko uyaqhubeka, mzalwana. Ewe. Oko kuyakuba ngumahluko ngoku.

161 Kodwa, uyabona, ukuba uyibhale kunye nokuphela, kwaye uThixo anike enye into ethi gqi, iyagqina ukuba liLizwi Lakhe, iNyaniso, awunakushukuma, ngokuba "ngukuphela." Oko kuyayigqiba. Kulapho amaLuthere afela khona. Kulapho amaWisile afela khona. Kulapho amaBhaptizi afela khona. Kulapho amaRhabe afela khona. Kwaye kulapho amaPentekoste afela khona. Kunjalo oko. Kunjalo oko. Bafela kanye apho, khangela nje, ngokuba sele i—ibhaliwe. Akukho nto u—ungayongeza kuyo okanye uyithabathe kuyo. I—ilapho. Leyo yimfundiso yakho.

162 AmaLutere akakwazanga kwamkela ungcwaliso. Hayi, mhlekazi. Wagqiba wathi, "Ilungisa liya kuphila ngokholo." Hayi uMartin Luther; kodwa ela qela lalimlandela. Kunjalo oko.

163 Hayi uJohn Wesley; kodwa iqela ebeli mlandela. Injalo.

Hayi uCalvin; kodwa iqela ebeli mlandela.

164 Hayi uJohn Smith webandla lamaBhaptizi, owathandaza ngamandla kakhulu, kwixesha lasebusuku, de amehlo akhe adumba avaleka, ngenxa yebandla lakhe; kwaye inkosikazi yakhe kwafuneka ukuba imkhokele kwaye imtyise apho ngecephe, etafileni. Hayi yena; kodwa eli qela lamaBhaptizi lamlandelayo, umbutho oza emva kwakhe.

Hayi u-Alexander Campbell; kodwa abo babemlandela.

165 Hayi intshukumo yepentekoste ekuqalekeni, ababedlelana ngazo zonke izinto, kwaye bedlelana naye wonke umntu; kodwa amaqela afikayo athi, "Hayi. Si *koku*, kwaye si *koku*. Kwaye *le* yimiba, kwaye oko koku!" ("Bezahlula, bebonakala bengenalo uKholo.") Kulungile. Koko kuyenzileyo. Nantso into engendawo. Amen. Ndiziva ndingowenkolo, ngale ntsasa.

166 Abatwana bamaHebhere, emva kokuba bemele uvavanyo, okokuba bayakuhlala kwiLizwi ledinga, okanye hayi, babekwa kuvavanyo. Kwaye benza ntoni? Balithimba isango lotshaba. Amen. Ngokuba? Bahlala eLizwini.

Hlala neLizwi, elaa liZwi likaThixo lithetha nawe.

167 Ngoku, sonke isizathu sithi, "Ngoku, khangela. iBhabheli, ibingayi kuba yinto eyahlukileyo. Ngokuba, thina, xana siqubuda phambi kwalo mfanekiso, sinqula uThixo, nakanjani na. Ke, ukuba siyenza *ngale* ndela, siyithetha *ngale* ndlela."

Yenze ngalendlela uThixo ayitshiloyo.

168 Kuthekani ukuba uThixo wathi, "Moses, khulula iimbadada zakho, Moses. Ukumhlaba ongcwele."

169 Athi, "Enkosi, Nkosi. Ndiyakholwa ngokuqinisekileyo kuWe. Ndizakothula nje umnqwazi wam, endaweni yoko. Yingxaki enkulu ukukhulula isihlangu sam." Mh-huh. Huh! Ayinakuze isebenze.

Wathi, "Isihlangu." Akazange athi "umnqwazi." Kulungile.

170 Umelwe kukuba uze, umgca ngomgca, lonto uThixo ayithethayo, kwaye ungqamane neLizwi Lakhe.

171 Ngoku, emva kokuba befumene uvavanyo, balithimba isango lotshaba lomlilo. Bafumanisa, xana behla kanye ukuya ekugqibeleni, ngokuhlala kwiLizwi likaThixo, balithibamba isango. Injalo. Emva . . .

172 UDaniyeli. Kwakukho isibhengezo esaphumayo, satyikitywa ngamaMede-o-Persians, esasingenakuguqulwa, ukuba, "Ukuba nabani uthandaze kongomnye uthixo, makaphoswe emhadini weengonyama." Kwaye uDaniyeli wayesazi ukuba iLizwi likaThixo lalikukuthandaza kuYe kuphela, ngoko wavula nje iifestile wathandaza nakanjani na. Ngoku, akazange abuyele ekoneni. Wavula iifestile ezijolise ngasetempileni. Wayengenazintloni ngalo.

173 Kwaye asifuni kwenza nqulo lwethu ngeCawe, kwaye ngoMvulo senze enye into. Okanye, sikholwe entliziyweni yethu into enye, uze phambi komntu othile kwaye uthi, "Ke, andazi. Ehe, ndicinga ukuba ulungile." Yiba yiloo nto uyiyo. Awungo, phuma epulpitini, phuma ebandleni. Kunjalo oko. Ngokuba, unetyala kuko kokubini. Hlala ukoko ukuko. Thetha into oyikholwayo, emva koko awunanto yokuxhasa. Ume kanye nje kulonto iyinyani. Wonke umntu uyayazi imibala yakho. Amadoda ayakuxabisa, nayiphi na indoda.

174 Ibhinqa linokuba libi njengabo bonke ukuphuma. Lisenokuba likhulu, tyebileyo, omncinane, bhityileyo, onentloko-emnyama, onamehlo- amdaka, onamehlo-aluhlaza, onamehlo- angwevu; inye, indlela enye, nenye kwanenye. Kodwa ukuba laa mfazi ucocekile, inenekazi, akukho ndoda elizweni kuphela enokothula umnqwazi wayo kubo, line xabiso lobumntu kulo. Kulungile. Ngokuba, li—livelisa into eliyiyo, kwaye amadoda ayayixabisa.

175 Ngokunjalo uThixo uyakuyixabisa indoda eyakuba yile nto iyiyo, okanye amadoda azibiza ngobubuKristu. Masibe

ngamaKristu, sizaliswe nguMoya oyiNgcwele, sineLizwi likaThixo, okanye silibale ngalo. Injalo. Kuba, kungenjalo, uba luhanahaniso, kwaye uphila ubomi obahlukileyo. Kwaye abantu bayakubona uleqa phandle apha ukuya kwimidaniso, nokutshaya, nezinto ezilolohlobo, kwaye ubanga ukuba ungumKristu, ngoko, yabona, ubeka isikhubekiso endleleni yabanye.

176 Yabona nina bafazi, ngamanye amaxesha, indlela abazicheba ngayo iinwele zabo kwaye banxibe kwaye benze ngezi lokhwe zincinci zindala bezinxibile, ikhangeleka ngathi yivoshi ehlutyiweyo ebhityileyo okanye enye into, kwaye iphuma phaya estratweni, ihambahamba, ezithende ezimalunga *noku* phakama okungako, bezenza batsha estratweni. Ingaba ngamapentekoste lawo? Ngoko a—amanye amabandla athi, "Babanga ukuba banento abangenayo."

177 Utywinwe kwaye waphawulwa nguMoya oyiNgcwele. Awukho kwiholo yomdaniso ngokuhlwanje kwaye uwolwe ezingalweni zendoda ethile, ekungengomyeni wakho; kubusuku obulandelayo, kwaye ubuye uze ebandleni kwaye udanise kuyo yonke indawo. Ayibobupentekoste obo. Luhanahaniso olo. Oko kukungcola.

178 Andithethi ke kangako kuni. Kodwa, niyaqaphela, ezi teyiphu ezenziwa apha ziya kwihlabathi lonke, ngoko ndishumayela nje ngokungathi kusehlabathini lonke. Xana ndivakalelwa uThixo esithi, "Yitsho into," ndiyayithetha nje, ngokuba andazi apho iya khona. Kuxhomekeke kuYe ukuba akukhathalele oko. Hlala nje neLizwi. Kunjalo oko. Kulungile.

179 Hayi, uDaniyeli wayengayi kuqubuda kwisibhengezo sabo, nokuba wayekhutshelwe ngaphandle kombutho okanye hayi. Wahlala kanye efestileni, kwaye wahlala neLizwi likaThixo. Wayengenazintloni ngaLo.

180 Kwenzeka ntoni? Bamlahlela emhadini weengonyama, kodwa wawathimba amasango womhadi weengonyama. Ngokuba? Uzuko! Ngokuba uThixo wathi eyakhe... "IMbewu yakho iya kulithimba isango lotshaba." Nokuba liyintoni na utshaba, unalo isango. Owu, mangaphi amaxesha esinokuthi...?

181 Khangela, uMoses, elandela kumgca wemiyalelo kaThixo, wehla waya eYiphuta, kwakubonakala ngokungathi yonke into ichasene. Wayenabalinganisi ababehamba naye. Wehla nesibini se—semiqondiso, ebonisa ukuba wayethunyiwe. Wajula phantsi inyoka, nokujalo kanjalo.

182 Naku kusiza abalinganisi ethubeni, bejula ezabo phantsi. Wayenokwenza ntoni? Akukho nto. UThixo akazange amxelele ukuba babeya kukwenza oko. Wayefuna ukuvavanya uMoses. KwakunguLowo Wavumela uYanes noYambres ukuba bajule phantsi iinyoka zabo, okanye iintonga zabo.

183 Ngoko wayemi apho uMoses emgceni womsebenzi. Wayiphosa phantsi intonga yakhe. Yajika yaba yinyoka. Wathi, "Khangela oko, Faro. Yiloo nto eyandixelela yona iNkosi yam ukuba ndize, ndiyenze phambi kwakho."

184 Wathi uFaro, "Yizani apha, Yambres noYanes." Baziphosa phantsi iintonga zabo. Zajika zaba ziinyoka, yintoni awayenzayo uMoses.

185 Ngaba ubuso bakhe babubomvu? Hayi, mhlekazi. Wayesakholwa ukuba uThixo umthumile. Wahlala nelo dinga. Kwenzeka ntoni?

186 Kuxana uphambi kwezinye zeentlanganiso zakho zenkomfa. Ubuso bakho bungajika bubebomvu, kancinane. Hlala neLizwi.

187 Kwenzeka ntoni? Konke ngaxesha nye, eli phimpi likhulu kaMoses lasondela laza laziginya. UThixo wangqina. Emva kovavanyo lwakhe, wathi, "Ndifuna wena, ngalo mqondiso, ubakhuphe abo bantwana baphume baye ngaphaya. Ndifuna ubabuyisele ekhaya, kwindawo yabo. UThixo wehla apha ukuza kuxela, undithumele apha ezantsi ukubahlangula. Ndifuna babuyele emva." Waphosa oko phantsi apho.

188 Owu, uvavanyo lweza. Moses, yinto oya kuyenza, jika, uhambe, uthi, "Ke, inokuba bendiphosile"? Hayi, mhlekazi.

UMoses wema kanye apho, "uThixo wakuyalela oku." Uzuko!

189 UThixo uthetha nantoni na, hlala naYo. Akukhathaliseki nokuba kwenzeka ntoni na, hlala naYo. Ukuba bakukhuphela ngaphandle bathi, "Asiyi kusebenzisana, asiyi kukwenza *oku*," hlala naYo.

190 UMoses wahlala kanye nayo. Kwenzeka ntoni? Walithimba isango lotshaba lwakhe. Haleluya. USathana wathi, "ndiya kulutwabulula uLwandle oluFileyo phambi kwakho," kodwa lwavuleka. Babengasakwazi ukubagcina eYiputa. Wathimba isango lotshaba. Ngoba? Ngokuba wahlala nomyalelo uThixo wayemnike wona. Imiyalelo kaThixo, wahlala neLizwi likaThixo kwaye wawathimba amasango otshaba.

191 UYoshuwa, emva kokuba edlule kuvavanyo. Wayesezantsi phaya, mhlawumbi, kwaye waqubha wanqumla iYordane, yena noKalebhi, kunye neentlola. Xana ebuya ephuma eYordane, benyuka baya eKadeshe-Bharneha. Kwaye bonke bathi, "Owu, ukuba siyaqala, oko kuyakuqhekeza imibutho yethu ibengamasuntsu. Asinako nje ukungena."

192 Laa moya awufi. "Owu, asinakuba nako Oko. Ukuba sifundisa Oko kubantu bethu, siya kwenza ntoni? Besiyakuthabatha phantse isiqingatha samadikoni, ebandleni, ngaphandle. Batshatile kabini, nakathathu. Yintoni esiyakuyenza? Thina, ngokuba, ukuba sibaxelele abafazi bethu ukuba kumele babe neenwele ezinde, uyazi

ukuba bayakwenza ntoni na? Bayakulishiya ibandla. Kwaye yintoni ebesiyakuyenza? Kutheni, besiyakubalelwa njengodidi lwakudala." UYesu wayeludidi lwakudala, naye. "Asinakukwenza oko. Asinakukwenza oko. Kuninzi kakhulu kuthi."

193 Uyazi ukuba ikholwa lomda lifikelela phi na. AmaHebhere, isahluko se-6, siyakucacisa oko. "Lowo wakha wakhanyiselwa, benziwa baba ngamadlelane ngoMoya oyiNgcwele, ngoko wabuya umva, ukuzihlaziya kwakhona." Weza kulamda kwaye wala ukuwela, oko ke, wala ukukholwa ngokupheleleyo.

194 Kuba, wenza ntoni uKalebhi? Wenza ntoni uYoshuwa? Wathi, "Singaphezu kokubanakho ukulithabatha." Ngokuba? Bahlala nalonto uThixo wayithembisayo.

195 Kutheni, bathi, bona abanye bathi, "Ke, bazingxilimbela. Bonke babiyelwe ngodonga. Ba *ngale* ndlela. Kutheni, besingenako ukubachukumisa, nangayiphi na indlela."

196 Wathi uYoshuwa, "Singaphezu kokubanakho ukuyenza. Zolani, nina bantu! Thulani! Wahlala phantsi!" Amen.

197 Ndiyanixelela, ukholo lukwinto enkulu enamandla, xana lusiza kwiLizwi likaThixo. Aloyiki ngoko. UKholo luneenwele esifubeni, izihlunu ezikhulu. Luthi, "Thula!" Yonke enye into ibalekela ekoneni, injalo, xana uThixo ethetha. "Nina nihlala kuM, naMazwi aM ahlala kuni, thethani into enisukuba niyithanda." Nantso ke. Owu, ndiyakuthanda oko. Hum!

> Ziya kunkwantya iidemon, bavuke aboni;
> UKholo kuYehova luya kugungqisa nantoni
> na.

198 Unokuba nokholo njani xana usazi ukuba awusebenzi, uhamba eLizwini Lakhe, xana usazi ukuba kukho izinto phaya ekufuneka uzithethile kwaye ungazithethi? Kukho izinto phaya okumele uzifundise kwaye awuzifundisi. Kukho izinto apho ongenakuzithetha, kwaye unokuba nokholo njani xana usazi ukuba akulunganga?

199 "Ukuba intliziyo yethu ayisigwebi." Nantso ke. Nantso ke. Kodwa hlala nela Lizwi, apho kungekho nto igwetyiweyo. "Akusekho kugwetywa kwabakuKristu Yesu, abangahambiyo ngokwenyama kodwa abahamba ngokoMoya." UMoya ukhokela ngeLizwi, kuba uMoya unokuphuma kuphela eLizwini, kuba iLizwi Lakhe linguMoya. Kwaye lingenza kuphela. . . UMoya wenene wenyani kaThixo unokuthetha kuphela iLizwi likaThixo. Owu, bethu! Bethu, bethu!

Suka, hlabathi. Sathana, siyeke.

200 Musa ukoyika ukuthi kule ntaba, "Funquleka." Yitsho. Hlala apho, uyikhangele iwohloka. Injalo.

201 Kodwa ufumene nokuphi ukugwetywa apho, kungcono—kungcono uthule. Uyazitsholo nje ngoko. Awuthethi nyaniso. Awuthethi zinto ekumelwe uzithethe. Kulungile.

202 Sifumanisa ngoko ukuba uYoshuwa, emva kokuba edlulile kolo vavanyo, wabona ubungqina belizwe elilungileyo, kwaye wema apho eKadeshe-Bharneya, kwaye wakhalaza ngokuchasene nabo bonke, kwaye wathi, "Singaphezu kokwazi ukulithabatha. Singalithabatha." Kwakuyintoni umbono? Kukuwelela ngaphaya.

203 Kwakuyintoni umbono kaMoses? "Ukubonisa olu phawu kwaye ukhuphe abantwana." Kwaye kwakhangeleka ngathi kusilele. Kodwa wahlala neLizwi, kwaye isango loLwandle oluFileyo lalingenakumbamba. Waqhubeka kanye ngqo kulo. Walithimba isango lotshaba.

204 UYoshuwa, ekhangele kwidinga likaThixo, wathi, "Singaphezu kokwazi ukulithatha." Injalo. Kwaye xana esihla efika eYordane, wenza ntoni? Wanikezela. Amen. Injalo. Walithimba isango lotshaba. Loo Yordane yayimnqanda ukuba angaweli athabathe elo dinga. Kodwa xana wakufika ezantsi phaya, wayeyiMbewu ka-Abraham. Ngoba? Wayekholwa kwiLizwi likaThixo. Yiloo ndlela inye kuphela onokuthi ube yiMbewu ka-Abraham, kukukholwa kwiLizwi likaThixo. Kwaye ngoko wenza ntoni xana efika ezantsi apho wayeselelungele ukuthabatha utshaba? UThixo waluvula isango, kwaye walithimba, walithabatha, wawela.

205 Xana idabi lokuqala, ungquzulwano lwakhe lokuqala waba nalo nabo, iindonga zazinkulu kangangokuba babenokubaleka ugqatso lweenqwelo zokulwa phezu kwazo. Uza kungena kanjani ukubafumana? Babaleka bemka kuye, babuyela ngaphakathi. Utshaba luyakuyenza, kananjalo. "Kodwa uya kulithabatha isango lotshaba."

206 Wathi, "Nkosi, yintoni na emandiyenze?" Wajikeleza, ngenye imva kwemini, ecamanga. Wabona iNdoda imi ilirholile ikrele laYo. UYoshuwa walirhola ikrele lakhe, wathi, "Ingaba ungowethu? Ungowotshaba lwethu na?"

Wathi, "NdinguMkhokeli walo mkhosi."

"Kumelwe ndenze ntoni na?"

207 "Yijikelezeni, izihlandlo ezilishumi elinesithathu. Hlokomisani ixilongo. Niza kulithabatha isango lotshaba."

208 Wawa phantsi. Ewe, mhlekazi. Ngokuba? WayeyiMbewu ka-Abraham, eyayiligcina iLizwi likaThixo. Walithabatha isango ngalinye eleza kuye. Ngokuqinisekileyo.

Kuba kamva. Kumele ndiyeke.

209 Khangela, onke la magorha axabisekileyo, ndinephepha elizeleyo libhaliwe phantsi apha. Kodwa onke la magorha axabisekileyo, izinto awazenzayo, ekugqibeleni afa.

210 Kodwa ngoko kweza iMbewu yokholo lwenene, iMbewu yobuKumkani ka-Abraham, uYesu, idinga. U-Abraham wayeno-Isake, inyani, ngokwasenyameni, kodwa iMbewu yenene yayingekho kulaa nkqubo yombutho. Kwakukwela dinga leLizwi likaThixo, ukuba Ubeyakumenza uyise wezizwe, kungekhona ngo-Isake, kodwa ngeMbewu yobuKumkani, uYesu. KwakuyiMbewu yobuKumkani, leyo, eneneni, iMbewu ka-Abraham, UYesu, wayengengomYuda, engenguye noweNtlanga. WayenguThixo. Yabona? I. . .

211 Nina maKatolika apha, mayisikelwe intliziyo yenu. Kodwa xana ninqula uMariya njengothixokazi, yintoni ingxaki yenu, nakanjani na? UMariya wayengeyonto kuphela umfazi. UThixo wamonyula. Wayesisiphatho. Kuphelele apho. Isiphatho, yiloo nto ayiyo umfazi, kodwa unxulumene nembewu yendoda.

212 Kodwa, sisihlwele esixubeneyo, kodwa ndimelwe kukukuthetha oku ukuze niqonde ukuba ndithetha ngantoni. Ngoku, uphulaphula kowakho—kowakho ugqirha, kwaye ndingumzalwana wakho. Ngokuqinisekileyo, unako.

213 UMariya wayengenawo umungu kuKristu. Kwakungekho mvakalelo yokwabelana ngesondo xana uMoya oyiNgcwele wamsibekelayo, nakancinane. Kodwa uThixo uSomandla, uMdali, wadala umbhobho weGazi nomungu. Huh! Ukuba kwakungu mungu ovela kuMariya, abafileyo abavuki.

Uzuko! Oko kuza kukutsha. Ndivele ndakubamba nje oko.

214 Ngoko ukuba uthi akukho mahluko, into esiyenzayo, kwakutheni ukuze uThixo asixelele ukuba sikhwebuke kwizinto ezingalunganga? Kwakutheni ukuze uThixo awuvuse umzimba kaYesu, ukuba akunjalo? Ke, uyabona, bekungenakubakho mfazi unxulumeneyo kuyo. Ukuba kwaku, ngoko umzimba Wakhe ungokukanina, uMariya, ngokuba wahlanganisana ngokusibekelwa ngumoya owambangela ukuba uku—ukukhupha imbewu yobudoda, kwaye ayilunganga. UMoya oyiNgcwele, ngokukhawula okucocekileyo, haleluya, apho Wadala zombini imbewu yobudoda nomfazi.

215 Ingaba uYesu wambiza "mama"? Yifumane eSibhalweni. Wambiza "umfazi." Haleluya! Mfazi! (Intsha ke leyo. Sesosizathu sokuba iyenze ngalendlela iyenza ngayo.) "Mfazi, nanko unyana wakho." Izigidi zeemayile kufutshane naye kunokuba Wayenjalo.

216 WayenguThixo. WayengengomYuda engeNtlanga. WayenguThixo, kokubini inyama nomzimba, uThixo ehleli kuYe. UThixo ehlala kwimbewu yobudoda yomfazi? Akakwazanga kuyenza. Loo imbewu yobudoda yomfazi kwakumelwe ibe nento yokwenza nenyama yethu. Kodwa kwakuliGazi kunye nembewu yobudoda, awathi uThixo wazisibekela.

217 Wayenokuyibeka esiphunzini ukuba wayefuna. Ewe, mhlekazi. Wayenokuyibeka naphi na apho Athanda ukuyibeka khona.

218 Kodwa Wayizisa ngokuba umfazi ekubeni wayesekuweni. Apho kwaphuma ococekileyo uNyana kaThixo ophilileyo, edaliwe, ozelwe yintombi enyulu, kokubini umzimba nomphefumlo.

219 Kwakutheni ukuze uDavide wathi, "Andiyi kubona oNgcwele waM . . . ndimyeke OyiNgcwele waM abone ukubola, OyiNgcwele waM abone ukubola. Andiyi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo"? UDavide watsho oko. Yabona? Kokubini umphefumlo, umzimba, nomoya, zadalwa nguThixo, ngaYe.

220 Umfazi wayengengomama, kwakungumfazi. Ndiyakholwa wayengumfazi olungileyo, ongcwele, ngokuqinisekileyo. Wayengazange abe sisiphatho, uThixo wayengenakukhetha nanye into yokufukamisa emdaka. INkosi ithandile, ndiyashumayela ngako oko ngokuhlwanje. Kodwa—kodwa wathi, "Isifukamisi esimdaka sakudala ukuzisa oWakhe—ukuzisa uNyana Wakhe emhlabeni? Wanyula intombi enyulu, engazani nandoda." Akazange abe nako nakuphi na ukuphuma kwentibintibi, okanye nantoni na eyenye, xana uMoya oyiNgcwele wamsibekelayo, ngokuba, uThixo, ngendlela yakhe emsulwa, engenasiphelo, wadala kuye, umphefumlo, umzimba, noMoya kaYesu Kristu. Kulungile. WayenguNyana kaThixo ozelwe yintombi enyulu.

221 Kwenza ntoni oko? Yalophula isango lotshaba. Haleluya! Whew! Oku kuya kuba kuhle, kum. Khangela. Ngokuba? Walophula isango lotshaba kanye apho, ukuba wonke umntu ozelwe kweli hlabathi ngokomnqweno wokwazana ngesondo, obengenako ukuya eZulwini kuba ukwazana ngesondo yinto eyaqala ekuqaleni, emyezweni wase-Eden, kutheni bazigqubuthela. Xana Ekwenza oko, Wayophula kubini laa nto kanye apho, kwaye walithimba isango lotshaba. Ngantoni? Kuthabatha iMbewu yobuKumkani ka-Abraham, kwityeli kanye lokuqala, kwaye wayityumza ukuya ezantsi. IMbewu yobuKumkani yokholo nedinga, ingekuko ukukhawula kukaMariya, kodwa okukaThixo, yawaphula amasango. Ukuba, masivumele umntu ukuba adlule esangweni. Uzuko kuThixo!

222 Wenza ntoni Yena? Ngoko wathabatha onke amasango otshaba. Wathabatha isango lezigulo. Ukugula kwakungenakubakho kuBukho Bakhe. Hayi, mhlekazi. Kungekho nantoni na eyenye enokuma kuBukho Bakhe. Ukuqhubeka komngcwabo kwakungenakuma eBukhoneni Bakhe. Hayi. Yintoni Awayenzayo?

223 UYoshuwa wafa. UMoses wafa. Bonke ngabanye bafa, kodwa hayi le Mbewu yobuKumkani. Ukufa kwakungenakuma apho

babukho uBomi.

224 Laa mfazi waseNayin, esiza nenkwenkwe yakhe. Wema kwaye wathi, “Vuka, nyana.”

225 Laa ntombazana yayifile, intombi kaYayiro, Wathetha ilizwi emva phaya kwihlabathi elingaziwayo phandle phaya, kwaye wathi, “Ntombi, vuka.”

226 ULazaro, efile iintsuku ezine kwaye umzimba wakhe ubolile, nomphefumlo wakhe ukude lee kuwo, kangangeentsuku ezine. Wathi, “Lazaro, phuma.” Uzuko!

227 Nankuya Yena phaya. Wenza ntoni Yena? Wawophula amatywina ayo yonke into. Haleluya!

228 Xana kwakumele Afe ngoko, Wayengenakububamba oba bomi. Wayengenakuze afe, kodwa kwakumele Anikeze ngoba bomi. Kwaye xana Wanikela ngoba bomi, Wafa ukufa. Kwaye umphefumlo Wakhe oxabisekileyo, njengokuba iBhayibhile yatshoyo, wehlela esihogweni, ukuthabatha indawo yam nendawo yakho. IMbewu yobuKumkani ka-Abraham! Intoni? WayeyiMbewu yaseBukhosini. Owu, uzuko!

229 Ngoku siyiMbewu yaseBukhosini, intoni, ehlala neLizwini, kanye njengokuba Wayenjalo. “Kuba ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo; kwaye iLizwi, lenziwa inyama, kwaye lahlala phakathi kwethu.” Ingaba awuboni apho ikhoyo iMbewu yobuKumkani? IMbewu yaseBukhosini kokuya kuhlala neLizwi.

230 Nina babuthathaka bakuthandayo ukwenzelelana kunye nomtyholi, ngeefashoni zakhe zehlabathi. (Andithethi kuni apha.) Phandle phaya, nina bashumayeli baziyo ukuba nishumayela iintsuku zemimangaliso zidlule, nishumayela ukuba akukho nto injengobhaptizo loMoya oyiNgcwele, ziintloni ngani, kwaye nizibize ngokuba niyiMbewu ka-Abraham.

231 IMbewu yobuKumkani ihlala neLizwi. IMbewu yobuKumkani, engazalwanga ngumntu, ayinanto yakwenza nendoda okanye umfazi. Umfazi libandla; ayinanto yakwenza nebandla. UMariya akananto yakwenza neMbewu. Ngokunjalo nebandla, elibizwa ngokuba ngumbutho, alinanto yakwenza neMbewu. Izalwa yintoni? Hayi ngumbutho, hayi ngamaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, amaKatolika, amaLuthere, nokujalo.

232 Kodwa, izelwe yiMbewu yobuKumkani yedinga likaThixo, nguye lowo uthabatha isango lotshaba. Sele lithatyathelwe yena. “Ke ukuba nithe nahlala kuM, neLizwi laM kuni, celani into enisukuba niyithanda, noyenzelwa.” Nantso ke. Lidinga. Sele lenziwe.

233 Umphefumlo Wakhe oxabisekileyo wehlela esihogweni, apho bekumelwe ndiye khona. Kodwa kolwa suku lwesithathu...uSamson ethabatha isango lesixeko emqolo wakhe, engenanto yakwenza nalo. Wathabatha amasango

elabafileyo, amasango engcwaba, nayo yonke enye into. Akazange alibeke entabeni, kodwa Walitshabalalisa. Haleluya! Wathimba isango lotshaba.

234 Izimo zomoya ebezizaliswe ngamandla kamtyholi, ngaphezulu, ukuba iiNgelosi okanye kungekho nantoni na enokuhla. Kwakungekho kungxengxezelwa, kuba igazi leebhokhwe lalingenakusisusa isono. Kodwa eLakhe iGazi lasisusa isono.

235 Wenyuka waya eNyangweni, wathimba intimbo. Wabapha abantu izipho. Ngoku, wonke ubani weMbewu ka-Abraham okuthandayo ukuhlawula ixabiso, ukuhla kwaye baguquke ezonweni zabo, babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze baxolelwe isono sabo, uzaliswe kwakhona nguMoya oyiNgcwele, kwaye ulumele uvavanyo.

236 Kwaye xana belikhupha ihlabathi kuwe, izinto ezimkileyo, yonke into ephosakeleyo, yonke into ebonakala iphosakele, njengabafazi ngeenwele zabo, amadoda ngokuqhubeka kwawo, namabandla nemibutho yawo, kwaye u—umlungiseleli oya kulungiselela amadikoni akhe, nazo—nazo zonke ezo ntlobo zezinto. Iqela elithile lehlabathi lento eyenye lingena phaya lize libangele umalusi olihlwempu, limkhabele ngaphandle ebandleni.

237 Qhubeka, malusi. UThixo akusikelele. Hlala kanye neLizwi. Ungathathi nto.

238 Wenyukela Phezulu. Wenza ntoni Yena? Wanqumla umngxuma, isango, ukuba, umthandazo wale Mbewu ka-Abraham. Ngokuba? Ngokuba? Ukuba singuMzimba kaKristu, ukuba sifile, sizibalela ekubeni sifile sangcwatywa kuKristu, kwaye savuswa kunye naYe eluvukweni. UyiNtloko yoMzimba. Apho iNtloko ikhoyo, uMzimba unayo. Kwaye ngoko, ngale ntsasa, apho wonke ubani okwenzileyo oko, "uhleli naye kwezasemazulwini iindawo," neMbewu yobuKumkani. Makadunyiswe uThixo.

239 Akukho masango. Awunakuthandaza *oku* kangaka, kwaye uthi, "Owu, owu, *kukho* ilizwi." Huh-uh. Bayakukuvala, kanye apho.

240 Kodwa ukuba intliziyo yethu ayisigwebi; ukuba siyazi ukuba sihamba ngokwemiyalelo kaThixo; sibona ubomi bethu bucociwe; siyalibona; lonke iLizwi awasiyalela lona uThixo, siyaLigcina; ngoko amasango alo lonke utshaba athinjiwe. "Ngoko cela into oyithandayo, uya kuyenzelwa." "Uya kulithimba isango lotshaba lwakhe." Owu, mzalwana, bekuyakuba libandla elinjani elo!

241 Xana ndibuyayo ePhoenix kwakhona, ukuba iNkosi indivumele, Ndiyathemba, xana ndingena kulo mnquba, ukuba ezi zihlalo ziya kubezikrozile, kwaye sonke isihlalo kwintshukumo yeVangeli epheleleyo kwesi sixeko siya kukroza

nabangcwele bakaThixo ophilayo: khangeleka njengomKristu; thetha njengomKristu; yenzani njengamaKristu; noMoya kaThixo uhamba phakathi kwabo, apho, ukuba ubani uthe wona, uMoya oyiNgcwele uyibize kanye ngoko.

242 Iza kuyenza. Niyibonile emgceni wokuthandazela, njengalapha phezulu esibingelelweni. Apho, ithi, "Buyela emva phaya kwaye ulungise oko nomyeni wakho. Hamba, uxelele inkosikazi yakho ukuba ubuphumile, ngobusuku obungaphambili, nalaa mfazi, nihleli kwindawo *ethile-thile*." Ukuba iyakuyenza apha, ngokuhamba eLizwini, phulaphula elaa Zwi lincinane lizolileyo, Liyakuyenza kuwe. UyiMbewu ka-Abraham. Ngoko, akukho sono.

243 Mshumayeli, ubungethandi ukukubona oko ebandleni lakho? Ngena kweli bandla, ukhangele ezantsi kanye *ngapha*, ubone kokubini amadoda nabafazi, abanobuthixo, abangcwele, ehleli apho bezele amandla kaThixo. Isono asinakwazi ukungena. Indoda iyangena kwaye ihlale phantsi, uMoya uyaphakama kwaye uthi, "John Jones, uvela *ekuthini-thini,* kwisixeko, kwindawo *ethile-thile*. Ulapha ukuze afumane ukuphiliswa komzimba wakhe. Yabona? Wenze into *ethile* kwindawo *ethile*. Wakwenza *oku*, kwaye wathabatha, kumelwe akubuyisele *oku*, alungise *oku*, ngoko uThixo uyakumphilisa kulaa mhlaza. ITSHO INKOSI." Bethu, bethu!

244 Ndinike ibandla, ndinike amadoda alishumi, zalis- . . ., ngokwenene amatye anqabileyo kaThixo, iMbewu yobuKumkani, hlanganisa loo madoda, kwaye ukhangele ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Ndinike le ndlu incinane izaliswe ngabantu abanjalo, kwaye ndiyakubonisa ukuKhanya ihlabathi eliya kubalekela kuko. Kunjalo oko. Yiloo nto uThixo afuna sibe yiyo. "Ungumzi omi endulini." UyiMbewu yobuKumkani ka-Abraham. "Iya kulithimba isango lotshaba lwayo."

245 Ukugula, kukho unobangela wokugula. Kukho unobangela kwezi zinto. Kwaye uThixo, uMoya oyiNgcwele, ulapha ukutyhila lonto kwaye akuxelele ukuba kutheni ungayifumani. Yintoni ingxaki ngathi? Akumele sizibuze, "Ingaba Iya kuyenza?" Sele iyenza. Kungaba yintoni oyenzayo?

246 Mkhangele laa mprofeti. Akawuphulaphulanga umoya ovuthuzayo, "Uzuko kuThixo! Haleluya!"

247 Kulungile oko. Ngoku, khumbula, andikugwebi oko. Ndiyathemba ukuba wonke umntu uyakuqonda oko. Umntu othile wathi, "uMzalwana uBranham akakholelwa ekuthini, 'Uzuko kuThixo! Haleluya!'" Ke, khangela kum apha phezulu ngoku. Ndiyakholwa ekukhwazeni, ukuthetha ngeelwimi, ukuxhentsa ndikuMoya.

248 Kodwa, mzalwana, xana usilela ukuva elaa liZwi lincinane lizolileyo leLizwi, yeyona nto ikufumanayo. Yilonto ke.

249 U-Eliya wayesazi ukuba yonke le mvuselelo yayiqhubeka ngaphandle. Kodwa waye. . .Ayizange imtsalele ngaphandle kuyo. Kodwa xana wathi akuva ela Zwi lincinane lizolileyo likaThixo, watsalwa. Kwaye wabugquma ubuso bakhe, waphuma. Ngokuba? U-Eliya wayeyiMbewu ka-Abraham, elandela iLizwi.

250 "Ukuba nithe nahlala kuM naMazwi aM kuni, ngoko celani into eniyithandayo, niyakuyenzelwa."

Masithobiseni iintloko zethu okomzuzwana nje sithandaze.

251 Owu, bandla, njani, xana ndigqiba ukushumayela ngolo hlobo, ndiziva njani! UMoya uhla umke ukusuka kum, kwaye ndibheke ngasemva, Ndibona abantu abanokuthi ngenene behle epokothweni zabo bathabathe ukutya kubantwana babo, ukuze banike mna. Ndibona abafazi abancinane apha, mhlawumbi beneenwele ezimfutshane, yintoni abanokuyenza? Bangenza nantoni na ehlabathini ngenxa yam abanokuyenza. Indoda ehlala nomfazi ololo hlobo, kwaye mna ndinqunqa nje kubeziziqwenga ngela Lizwi, ndenzakalisa, isazela sakhe siwa phantsi, kwaye ukanti loo ndoda iyakuphuma apha kwaye isebenze, indithumelele isishumi sayo. Injalo. Ngoko indenza ndizive ndineentloni, ndibuyele enyameni ngoko, uziva, "Yintoni—yintoni endiyithethileyo?" Andizimiselanga kwenzakalisa, akunjalo.

252 Kodwa, owu, mzalwana, nodade wethu omncinane othandekayo nomzalwana, ukuba elo liLizwi likaThixo, kwaye oku kube nguMoya Wakhe elenza ela Lizwi lize ebomini, kuni, kuyakuba yintoni ngoMhla woMgwebo? Ndizama ukunenza nilungele olwa suku. Nceda, nceda uthabathe nje iLizwi Lakhe. Ukuba ndakhe ndashumayela nantoni na engelilo iLizwi, idinga likaThixo, ngoko unelungelo lokuza kum. Kodwa elo liLizwi. Kwaye kungokuba ndiyanithanda.

253 Asikokuba ngokuba mna—andinifuni emkhombeni. Kungokuba umkhombe awuyi kukuthwala. Uza kuntlitheka, ngolunye lwezi ntsuku.

254 Umelwe kukuza eMgwebeni. "Onetyala kokuncinane unetyala lako konke." Kwaye xana usazi ukuba yintoni na elungileyo ukuyenza, liLizwi likaThixo nedinga lokuyenza, ngoko awuyenzi, ngoko kuthekani ngayo? Uyakucelwa ukuba unike isizathu, yintoni ngoko? Xana lo Myalezo ngale ntsasa ukhangelene nawe phaya ngapesheya kwesibuko sekhuselo, ngoMhla woMgwebo, kuthini ngawo? Cingani ngayo, zihlobo. Ungafa ngaphambi kokuba usuku luphele. Sonke singanako. Kwaye inye into eqinisekileyo, uya kufa.

255 Ndema ngenye imini ndibukele umama wam, mna ndimbambe ngengalo yam. Ndambamba utata kancinane phambi koko, kwaye ndambukela yena ehamba.

256 Ndibabonile besihla besiza ekupheleni kwendlela, ababecinga ukuba babelungile ngokwenene. Uthi, "Owu, Mzalwana uBranham, owu, ukuba bendinokuphila ithuba elidana!" Kukamva kwexesha kakhulu ngoko. Kwaye khumbula, ukufa akuwuguquli umphefumlo, kutshintsha kuphela indawo yokuhlala kwawo. Kwaye ukuba ubona lanto ngaphakathi kuwe, qiqa ngoku, ukuba ubona ukuba kukho into ngaphakathi kuwe ekwenza ukuba wenze ngolo hlobo kwaye uzive ngaloo ndlela, njengokuba ungamelwe kuziva, guquka ngale ntsasa. Uyakuyenza, sihlobo? Yiza. Yiba... Akunyanzelekanga ube ngolo hlobo. Ungumntu olusizi. Phila ubomi bokwenyani beMbewu yaseBukhosini. UThixo ufuna wena namhlanje.

257 Ungaphakamisa isandla sakho, ngeli lixa intloko yakho ithotyiweyo, nentliziyo. Uthi, "Mzalwana uBranham, ndiphakamisela isandla sam kuThixo. Ngokunyaniseka, ngokusuka entliziyweni yam, yiloo nto endifuna ukuba yiyo. Yilonto ngokwenene endifuna ukuba yiyo. Ndiye—ndiye ndonakalisa phandle apha nayo yonke enye into, kodwa ngokwenene a—andifuni kuba njalo. Ndifuna ukuba yile nto ubuthetha ngayo ngale ntsasa. Ndithandazele, Mzalwana uBranham. Ndiphakamisela izandla zam kuThixo, hayi kuwe, Mzalwana uBranham, kodwa kuThixo. Kwaye entliziyweni yam, Uyayazi intliziyo yam, Ndilangazelela ukuba luhlobo lomKristu othetha ngaye, iMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, ngoYesu Kristu." Phakamisa isandla sakho ngoku uthi, "Ndiza... Ndithandazele, Mzalwana uBranham." UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Ngokuqinisekileyo Uya kukwenzela.

258 Bawo wethu oseZulwini, ekuKhanyeni kweLizwi Lakho, emandleni ovuko Lwakho! Kwaye ndiyaqaphela, Nkosi, ukuba abantu abahluphekileyo ngamaxesha amaninzi baye bajijwa apha phandle, ngokwahluka...Abantu kunzima ukuyazi into emabayenze; omnye uyeza, ethetha into enye; kwaye omnye eze, esithi omnye.

259 Kwaye apha ePhoenix, esi sixeko sikhulu saba—saba, ke, sabakhenkethi, apho yonke into esuka kwisizwe siphela ikhukuliseka ingene kuyo, kokubini ngokwasemzimbeni nangokomoya. Ndimi entabeni, ngenye imini, kwaye ndicinga ukuba mangaphi amatyeli iGama likaThixo lisetyenziswa ngelize ngemini apha ezantsi, Lukangaphi ukrexezo olwenziweyo, singakanani na isono nodaka ezitratweni apha, nezindlu zokusela neziirhoxo eziphaphazelayo, kwaye yonke into, abaninzi babo bazixela bengamakholwa, amaKristu!

260 Abafazi besihla ngestrato, bephethe umdiza esandleni sabo. Behamba benxiba impahla zokuziphatha kakubi, xana Wathi iyanuka phambi kwakho, "Lisikizi," njengendawo yokuchamela endala, emdaka, enukayo kwindawo ethile. Owu Thixo, angathini umfazi obanga ukuba noMoya oyiNgcwele ukwenza

into enjalo, kwaye uyazi ukuba empumlweni yoMsindisi, oko kunuka ngolo hlobo, kuyanuka? Ubenokuba nayo njani into enjengaleyo ebuKumkanini Bakhe? Bawo, ukuba kuphela bebesazi, bakwisigidi seemayile ukusuka kuyo.

261 Ndiyathandaza, Thixo, yiba nenceba. Akukho mntu ufuna ukuya kuloo mimandla yabalahlekileyo. Akukho mntu ufuna ukuya ezantsi phaya, Bawo. Makube kude lee kuye nabani na kuthi ukuya. Ukanti ezantsi ngaphakathi kukho intliziyo elungileyo kuloo mntu, laa ndoda, laa mfazi, indoda okanye umfazi onobubele nolungileyo nonobubele, kwaye ukhohlisiwe nje ngumtyholi. Umtyholi ukwenzile oko.

262 Sathana, ndichasene nawe, ngokuba ulutshaba lweNkosi yam. Ulutshaba lweLizwi Lakhe. Kwaye ndiyakuyalela, ngoYesu Kristu, uNyana kaThixo, njengomntu onokufa, ndisazi ukuba andinamandla ngaphakathi kwam. Andinamandla okukumisa. Andinamandla okwenza namnye kwaba bafazi bacoce, nawuphi na kula madoda, abaphulaphule kule teyiphu, okanye—okanye naphi na. Andinandlela yokubenza bacoceke. Andinamandla. Kodwa ndinegunya leLizwi likaThixo, njengesicaka, ukuLishumayela, kwaye ndibophelelekile kwelo gunya. Nalo eli polisa alinawo amandla okumisa imoto, kodwa linegunya lokuyenza.

263 Kwaye, Sathana, ungahamba utswinisa iziqhoboshi zakho, kuba ndiyakuyala, ngoYesu Kristu, ukuze ukhulule aba bantu, kwihlabathi jikelele, naphina apho lo Myalezo unokuya khona. Bakhulule. Ndiyababanga, ukuba bathengiwe. Ayingabo ababo. Bathengwa ngexabiso, bayiMbewu yaseBukhosini ka-Abraham, iNkosi uYesu.

264 Mhanahanisindini ungcolileyo, omdaka, onukayo, mlukuhli wabantu, ubakhokelela ngobumfama emingxunyeni yesihogo, bakhulule. Ndiyakuyalela, ngoThixo ophilileyo, ngeDini loNyana Wakhe, uYesu, ukuba ubakhulule, ukuze umphefumlo wabo uzaliswe yintsikelelo Yakhe nobukho Bakhe, ukuba balithimbe isango lalo lonke utshaba. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Uye wabenza balindela *oku*, *okuya*, okanye *okunye*, okanye ukuchukumisa okuthile okungcwele, okanye enye into, kodwa ndithi uzakulahlekelwa kukubamba kwakho.

265 Ukugula kunokuma njani kwintambiso enje ngale? Kuphela xana besala ukukhangela ngaphesheya kwidinga njengoko wenzayo ubawo u-Abraham, xana wayenokuMbona emfanekisweni kumakhulu eminyaka kude, esiza.

266 Bakhulule. eGameni likaYesu Kristu, yeka ababantu bahambe.

267 Anga amandla kaThixo, ukuqonda kweLizwi, njengokuba behlanjiwe ngale ntsasa ngaLo, kwanga ukuqonda kokugcina iLizwi likaThixo nezithembiso Zakhe ziyinyani, ukubamba okungenakophulwa nguSathana. Yanga ngamnye angasibamba

eso sithembiso, esithi, “Esi Siso. Ndibambelele kuSo. UThixo wenza idinga. Ndiyimbewu ka-Abraham. Ndingalithandabuza njani idinga Lakhe?” Kwaye uqhubele kanye phambili, ngoYesu Kristu, iNkosi yethu. Amen.

> NdiyaMthanda . . .

268 Bekusika ngale ntsasa, zihlobo. Masinquleni ngoku kamnandi.

> Ngokuba Yena wandithanda kuqala
> Kwaye wathenga usindiso lwam
> Emthini waseKalvari.

269 Ingaba kungenzeka, kungekhona ukuhlambela inkolo, ngokuqinisekileyo akunjalo . . . Oku ku—kulunqulo. Masiphakamiseleni izandla zethu kuYe esimthandayo. Kwaye sithi:

> NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
> Ngokuba Yena wandithanda kuqala
> Kwaye wathenga usindiso lwam
> Emthini waseKalvari.

270 Ngoku, kuye wonke umfazi okanye intombazana elapha, esi sisandla sam. UThixo uyakuthanda. Kuyo yonke indoda okanye inkwenkwe elapha, uThixo uyakuthanda. Ndiyakuthanda. Ngoku, andinako ukufikelela kwaye ndize ndifumane izandla zenu ngasinye, kodwa uThixo makacacise kuni lonto ndiyithethayo. Ngelixa sicula oko kwakhona, jika nje kwaye uxhawule izandla nomntu othile. “Oku baya kukwazi bonke abantu ukuba ningabafundi baM, xana nisukuba nithandana, omnye nomnye.”

> Ndi . . .
> . . . wathenga usindiso lwam
> Emthini waseKalvari.

> NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
> Ngokuba Wandithanda kuqala
> Kwaye wathenga usindiso lwam
> Emthini waseKalvari.

271 Ingaba aniMthandi? Loo mvakalelo imyoli yoMoya oyiNgcwele! ILizwi liyinkqubeleko yokucocwa, liyakucoca nje, likwenza isidalwa esitsha, lithabatha konke kumke. ILizwi libukhali kunekrele elintlangothi-mbini, lalusa, linqumla zonke izinto zehlabathi. Yabona? Ngoko siziva sicocekile, sicociwe, sisamkela kwaye sikholwa kuYe. Nantso indlela esinokucula ngayo:

> NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
> Ngokuba Wandithanda kuqala
> Kwaye wathenga usindiso lwam
> EKhalvari.

272 Kuhle oko? Ndiyithanda nje ngentliziyo yam yonke. Yabona? Makhesiyizame kwakhona, wonke umntu ngoku, ngokwenene, ukuya phezu kwelizwi lakho ngoku.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Yena wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
EKhalvari . . .

